5. Bhala izivakalisi ngononophelo, ucacisela abafundi lento uyibhalayo ngoku uqhubekayo ubhala. Khumbuza abafundi ukuba babeke umnwe wokukhomba kule ndawo baqala kuyo ukubhala, ukushiya isithuba esingangomnwe phakathi kwamagama, ukusebenzisa iimpawu ezifanelekileyo zokubhala. Bakhumbuze njalo ukuba ubhalwa njani unobumba omkhulu.
6. Bakhumbuze abafundi ngeziphene ezenzeka njalo, umz. ukungabhali /ukungavali oonobumba, ukubhala kakhulu/ ukuxabela okanye kancinci kakhulu/ ukumfikimfela, ukungabhali emigceni nokungashiyi zithuba phakathi kwamagama.

**Okubhalwayo:**
1. Xelela abafundi ukuba babhale umhla ngasekunene ekuqaleni kwephepha bawukrwelele umgca, bakugqiba bakope isandi ngononophelo, amagama, izivakalisi kunye nepatheni.
2. Jikeleza ngelixa abafundi bebhala ulungise iziphene ukwabanika nengxelo ngomsebenzi wabo.
3. Bakhumbuze abafundi ukuba bangajonga itshati yobhalo lwesandla njengesikhokelo.

## HANDWRITING: DBE WORKBOOK / UKUBHALA NGESANDLA: INCWADI YOKUSEBENZELA YEDBE

**Izixhobo Ezifunekayo:**

- Ibhodi ecocekileyo enemigca ekrweliweyo.
- Itshati yobhalo lwesandla.
- Incwadi yabafundi yokusebenzela ye DBE.

**I-Orali:**

1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Qinisekisa ukuba ikrweliwe / izotyiwe imigca ebhodini yokubhala ubhalo lwesandla.
3. Xelela abafundi ukuba mabakuqwalasele njengokuba ubhala ebhodini.

**Okubhalwayo:**

1. Xelela abafundi ukuba batyhile iphepha elifanelekileyo kwiincwadi zabo ze-DBE.
2. Bacacisele ukuba mabenze ntoni.
3. Xelela abafundi ukuba baqalise.

## READING: LOOK AND SAY WORDS / UKUFUNDA: AMAGAMA AJONGWA ABIZWE

**Izixhobo Ezifunekayo:**
- Oonotsheluza bamagama.
- Imifanekiso yezixhobo ezizizo ukucacisa igama (ukuba kuyimpumelelo).
- Amacwecwe abafundi okufunda.

**I-Orali:**
1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Cacisela abafundi ukuba uzakufunda ibali ze ubuze imibuzo ebhekiselele kwibali.
3. Ngaphambi koko kufaneleke ukuba sifunde amagama amatsha.
4. Phakamisa unotsheluza omnye ze ubize igama kabini, ngoku abafundi bekujongile.
5. Ukuba unawo umfanekiso wesixhobo esisiso, bonisa abafundi.
6. Apho kukho imfuneko, buza intsingiselo yegama kubafundi-mabakubonise okanye bayicacise.
7. Okulandelayo, abafundi mabafunde igama- beyiklasi, bengamaqela okanye bengabanye.
8. Xelela abafundi ukuba bajonge ubume nobude begama, kunye nonobumba wokuqala. Abafundi kufuneka balikhumbule ukuba lime njani igama. Baxelele ukuba bathathe umfanekiso wegama ngamehlo abo.
9. Yazisa igama elilandelayo kwangoluhlobo.
10. Bonisa onootsheluza bamagama amabini, xelela abafundi abohlukeneyo ukuba bafunde igama.
11. Qhuba ngale ndlela kude kuphele amagama esi sifundo.
12. Phinda ujonge amagama wonke kwakhona.
13. Ukuba kukho abafundi abasasokoliswa ngamanye amagama, gxininisa ubancede kuwo lo magama.

## READING: PHONIC DECODING / UKUFUNDA: UPHUHLISO ZANDI

1. Uphuhliso zandi kuxa ubiza amagama ngokwezandi zawo.
2. Ukuba umfundi uyafunda, ze afumane ubunzima myalele ukuba abize izandi zegama elo ukuze alazi igama.
3. Mncedise umfundi ngesandi sokuqala ukuba ufumana ubunzima.
4. Xa sele egqibile ukuzibiza zonke umfundi izandi ngokonwabu, yithi makaphinde azibize ngokukhawuleza kweli tyeli.
5. Sebenzisa izandla zakho ukubonisa umfundi ukuba abize izandi zonke ade alive igama.
6. Umzekelo:
    a. Umfundi akakwazi ukufunda “uhadi”.
    b. Mcele ukuba alibize elo gama.
    c. Mnike isandi sokuqala, ‘u’.
    d. Mncede ukulibiza ucotha: u…h…a……d……i
    e. Mcele ukuba alibize kwakhona,ngokukhawuleza : u…h…a…d…i
    f. Sebenzisa izandla zakho ukubonisa umfundi ukuba abize izandi , umcele ukuba alibize ngokukhawuleza:uha…di.
    g. Kwakhona: uha…di.
    h. Kengoku igama: uhadi
7. Ezinye iindlela zokuncedisa uphuhliso zandi zifana nezi :
    a. Ukucela umfundi afunde isigaba esinye segama, aze abize izandi zesinye isigaba segama
    b. Ukujonga isakhi segama esisekuqaleni nesisekugqibeleni, umzekelo:
       kha-la
    c. Ukunceda umfundi ohlule igama elide libe ngamalungu
8. Qaphela: Esi sisakhono esinzima kakhulu. Nika abafundi uncedo olukhulu kuqala, yiba nomonde, ubanike namathuba amaninzi ukuba baziqhelanise.

## READING: SHARED READING / UKUFUNDA: UKUFUNDA NOTITSHALA

**Izixhobo Ezifunekayo:**

- Oonotsheluza abanamagama ajongwa afundwe (look and say words)
- Itekisi ezakufundwa

**Qaphela:**

- Xa kufundwa notishala bonke abafundi bafunda itekisi enye. Kungaba yincwadi enkulu, ingaba yiyo nayiphina itekisi eqhelekileyo, njengencwadi yokufunda yeDBE.
- Injongo yokufunda notishala kukuba abafundi balive ibali njengomfundi (reader) onamava okufunda.
- Loo nto ithetha ukuthi kufanele bakhuthazwe abafundi ukuba balandele ibali, baliqonde, kwaye bacinge nangabalinganiswa.
- Abafundi bawukwazi ukufunda ngokungalindelekanga, njengokuba befunda, kwaye bawabone amagama asephepheni.
- Kufuneka usebenzise isifundo sokufunda notishala njengethuba lokufundisa igrama nesigama kubafundi. Enza oku ngokungalindelekanga xa ubona iimpawu zetekisi. Umzekelo, ungagxininisa ngendlela isenzi esitshintsha ngayo ukubonakalisa ixesha (tense).
- Uzakuba nezifundo ezine zokufunda notitshala kwiveki nganye. Uyacelwa ukuba wenze ezi zifundo zilandelayo kwezo zifundo zine:

**ISIFUNDO 1: NGAPHAMBI KOKUFUNDA (PRE-READING)**

1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Fundisa abafundi amagama akoonotsheluza.
3. Cela abafundi batyhile iincwadi zabo zeDBE kwiphepha elichanekileyo.
4. Xelela abafundi bajonge isihloko sebali nemifanekiso.
5. Cela abafundi baxele / baqashele ukuba ibali lingantoni na ngokujonga kwisihloko nemifanekiso.
6. Yalela abafundi bakhangele bachonge amagama akoonotsheluza kwitekisi.

**ISIFUNDO 2: UKUFUNDA EKUQALENI (FIRST READ)**

1. Hlaziya / qhelanisa abafundi namagama ajongwa afundwe.
2. Emva koko, yenza umfuziselo / bonisa abafundi indlela yokufunda itekisi ngokuvakalayo, ngokucacileyo nangokufanelekileyo, ngelixa abafundi belandela ezincwadini zabo.
3. Funda ngesantya esisiso – ungacothi xa ufunda, ungafundi ngelizwi elingathi leliculayo.
4. Kwibali lonke, phumla xa ufunda ubuze imibuzo ukuqinisekisa ukuba abafundi bayayiqonda itekisi.
5. Ekupheleni kwetekisi, nika abafundi umzuzu wokucinga ngetekisi, uze ubuze imibuzo ngetekisi. Umzekelo: Ingaba ulithandile ibali okanye hayi? Ngoba? Ngubani ofuna ukundixelela?

**ISIFUNDO 3: UKUFUNDA KWESIBINI (SECOND READ)**

1. Funda ibali ngokuvakalayo kwakhona, ngeli xesha unike abafundi ithuba lokuba bafunde nawe. Fundela phezulwana nangesantya esisiso – ungasithobeli abafundi isantya sokufunda.
2. Ekupheleni kwephepha okanye kwecandelo ngalinye, xoxa ngophuhliso lwesigama, ukuqonda okufundiweyo, uphuhliso lwezandi nokwakhiwa kwetekisi (igrama, iimpawu zokubhala, njalo njalo.)
3. Funda itekisi kwakhona – ngeli thuba, cela amaqela awohlukeneyo nabafundi abambalwa bafunde itekisi ngokuvakalayo nawe. Bonke abanye abafundi mabafunde balandele ezincwadini zabo ngeli xesha.

**ISIFUNDO 4: NGASEMVA KOKUFUNDA (POST-READING)**

1. Kwesi sifundo, yenza umsebenzi owenziwa emva kwesifundo sokufunda.
2. Ungenza isifundo sokuqondisisa ngomlomo (oral comprehension task) – imibuzo ifakelwe kwinkqubo yokufunda.
3. Ungacela abafundi babalise ibali kwakhona kumaqela abo, okanye babalisele abalingane babo.
4. Ungabeka abafundi kumaqela ubacele benze umdlalo wendawo ethile ebalini.
5. Ungabuza eminye imibuzo ekwinqanaba eliphezulu ezakukhokelela engxoxweni. Umzekelo: Ingaba ucinga ukuba kufanelekile ukuthatha into engeyoyethu, Ucinga ukuba ingafaneleka nini into enjalo, ngoba?
6. Ukuba ufuna isifundo esizakwenziwa kuthulwe, cela abafundi bazobe umboniso othile ebalini, bafakele iilebhuli kumfanekiso, okanye babhale isihlokwana somfanekiso / somzobo.

**JIKELELE / NGOKUBANZI:**

- Qinisekisa rhoqo ukuba ukufunda notitshala ngamava awakhayo kubafundi.
- Bancome xa bezama.
- Vumela abafundi balonwabele ibali.
- Ukwakhiwa kokuzithemba nokukholelwa ngeyona nto ibalulekileyo xa kufundwa.



## READING: GROUP GUIDED READING / UKUFUNDA: UKUFUNDA NGAMAQELA NGONCEDO LUKATITSHALA

**Qaphela:**
- Ukufunda ngokwamaqela kuxa abafundi befundela utishala kumaqela amancinci.
- Injongo yokufunda ngokwamaqela kukuvumela utishala ukuba asebenze nabafundi ukuphucula izakhono zabo zokufunda.
- Loo nto ithetha ukuba abafundi mababe kumaqela apho IZINGA LOBUKRELEKRELE LILINYE – abafundi kumaqela mababe nobunzima obufanayo nezakhono ezifanayo.
- Loo nto ithetha ukuthi, ukuba utishala unceda umfundi omnye, uyakube enceda abafundi BONKE.
- Kubalulekile ukuhlaziya indlela owayile ngayo amaqela akho ukuze abafundi bafunde nabafundi abakwinqanaba elifanayo.

**Izixhobo Ezifunekayo:**
- Oonotsheluza bamagama ajongwa abizwe.
- Itekisi yokufunda.
- Imibuzo yomlomo esekelwe kumhlathi.
- Incwadi yakho yokurekhodisha Ukumaka.

**I-Orali:**
1. Qinisekisa ukuba abafundi bayazazi ukuba bakweliphi iqela lokufunda – nika iqela ngalinye igama.
2. Bizela iqela kwindawo/ kwikona yokufundela. Le kufuneka ibe yindawo eklasini apho unokukwazi ukuhlala neqela labafundi, ngaxeshanye ubone bonke abafundi apha eklasini.
3. Fundisa abafundi ukuba beze ngokukhawuleza kule kona, kwaye baphathe iincwadi zabo zokusebenzela ze DBE.
4. Hlala kwisangqa kunye neqela elo.
5. Fundisa abafundi amagama ajongwa afundwe.
6. Okulandelayo, xelela abafundi ukuba bajonge isihloko sebali kwakunye nemifanekiso, kwaye baqikelele ukuba ibali lingantoni.
7. Vumela abafundi bazifundele itekisi ngokuthe cwaka.
8. Fundela abafundi itekisi ukhwaze. Mabalandele ke kwiincwadi zabo.
9. Okulandelayo, phula-phula umfundi ngamnye ezifundela itekisi, indawana yetekisi ngaphandle kokuncediswa.
10. Nceda abafundi ngobuchule “bokuhlasela amagama” ngokuthi wenze umfuziselo okanye isikhokelo.

    **Umzekelo:**
    - Ingaba liyavakala kuwe?
    - Leliphi igama elinokuvakala ngcono kwesi sivakalisi?
    - Jonga kumfanekiso, ucinga ukuba ungantoni?
    - Ingalilo elo gama, kodwa jonga isandi sokuqala kwakhona.
    - Zama ukubiza izandi zegama elo.

   a. Qwalasela igama – linezigaba ezibini. Ingaba uyasibona isigaba sesibini ukuba sithini na? Ewe, bawo. Ngoku biza izandi zesigaba sokuqala…d…a…d….o. Ungalifunda lonke igama? Dadobawo.
   b. Ingaba uyakhumbula sifunde amagama anesandi u ‘ali’? Ingaba uyalibona eli gama ukuba lino ‘ali’? Ngoku jonga ilungu lokuqala. ’im-’. Biza izandi zegama lonke. i…m…a…l…i… imali.
11. Njengokuba abafundi befunda, gxininisa kwizakhono zabo nobunono. Bancedise ukuphimisela amagama ngendlela eyiyo, ukukhumbula ukujonga nokubiza amagama, bephucula ukufunda kwabo gabalala.
12. Buza umfundi ngamnye umbuzo okhawulezileyo ukujonga ukuba uyaliva na ibali.
13. Bancome abafundi ngemizamo yabo ukukhulisa ukuzithemba.
14. Phawula kuhlolo olungekho sesikweni ngenkqubela yomfundi ngamnye kwincwadi yakho yokurekhodisha.
15. Xa bonke abafundi sele befundile ngabanye, baxelele ukuba bafunde isifundo kwakhona. Mabakwenze oku ngokuthi bafunde itekisi yonke kwakhona kuthe cwaka.
16. Buza abafundi ke ngoku imibuzo yokuqonda esesikweni nemibuzo yengxoxo ukwakha isigama, igrama nokuqonda okuphangaleleyo lwetekisi.
17. Khumbula: Ukuyiqonda into oyifundayo kubalulekile!



## READING: PAIRED AND INDEPENDENT READING / UKUFUNDA: UKUFUNDA NGABABINI NANGABANYE

1. Ukufunda ngababini nangabanye kungenziwa naninina, xa abafundi begqibile ukwenza umsebenzi wabo, okanye xa unemizuzu onokuyisebenzisa.
2. Kwaye, fundisa abafundi bafunde ngababini nangabanye xa uphulaphule ukufunda kwamaqela. Xa abafundi begqibile ngomsebenzi obhalwayo, mabaqeqeshwe baqhele ukulanda incwadi baze bazifundele ngokuthe cwaka okanye bafunde nomlingane.
3. Le ncwadi ingayincwadi efundwa ngamaqela, incwadi yokusebenzela yeDBE, okanye nayiphi na incwadi 'eyonwabisayo' efumanekayo nenokufundwa ngabafundi.
4. Zama ukukhetha iincwadi ezifanele abafundi uzibeke kwindawo enye, uze uqeqeshe abafundi bahambe bakhethe incwadi ngokuthe cwaka. Kwaye khumbula ukubaqeqesha ukubuyisa incwadi ekupheleni kwexesha lokufunda.
5. Fundisa abafundi ngobuchule bokusebenzisa iminwe emihlanu xa befuna uncedo ngokufunda ngababini okanye bodwa:
   - Ubhontsi: lishiye igama usifunde sonke isivakalisi.
   - Umnwe wokuqala: jonga emfanekisweni.
   - Umnwe wesibini: jonga igama ubone uba akho na amalungu owaziyo egameni.
   - Umnwe wesithathu: funda izandi ozaziyo zegama elo.
   - Umnwe wesine: Cela uncedo lokufunda igama okanye ukwazi intsingiselo yalo.

## READING: READ-ALOUDS /
## UKUFUNDA: UKUFUNDA NGOKUVAKALAYO KUKATITSHALA

1. Alikho ixesha elisesikweni lokufunda ngokuvakalayo.
2. Zama ukufumana ixesha lokufundela abafundi ngokuvakalayo ngexesha lokufundisa. Oku kungenziwa phambi kwexesha lokudlala okanye ekupheleni kwemini. Kungenziwa oku xa abafundi bezoba umfanekiso okanye befakela imibala.
3. Khetha incwadi abafundi abazokuyonwabela, enabalinganiswa abanika umdla, enebali elimnandi okanye elihlekisayo.
4. Hlalisa abafundi ngocwangco phambi kokuba ufunde, baqeqeshe baphulaphule ngokuthe cwaka xa kufundwa.
5. Funda ngelizwi elicacileyo nelivakalisa uvakalelo.
6. Bonisa abafundi imifanekiso xa ufunda. Qinisekisa ukuba bonke abafundi bayayibona imifanekiso.
7. Ngelixa ufunda, buza imibuzo ukhangele ukuba abafundi bayakuqonda okufundwayo na. Khumbula ukubuza imibuzo ngokwamanqanaba awohlukeneyo.
8. Ekupheleni kwecandelo okanye kwephepha, yila ingxoxo yokwakha isigama, ukuqonda, uphuhliso lwezandi, igrama nobuchule bokusetyenziswa kweempawu zokubhala.
9. Ukuba ufunda ibali elide, ungalivumeli ixesha elide lidlule phakathi kwamacandelo afundwayo. Akufuni abafundi balibale umxholo webali.
10. Sebenzisa ezi zifundo ukuzama ukwakha uthando lwamabali nokufunda kubafundi.

## LISTENING & SPEAKING LESSONS / IZIFUNDO ZOKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ixesha lezifundo Zokuphulaphula Nokuthetha litshintshiwe. Ngoku uzakulandela la maxesha angezantsi ukufundisa ezi zifundo.

Lwesine: Imizuzu engama 30
Lwesihlanu: Imizuzu eli 15

Uzakuqhubeka usenza ezi zifundo njalo kwiiveki ezimbini (2 week cycle). Sebenzisa eli xesha lingezantsi.

| | | |
|---|---|---|
| Iveki 1 NgoLwesine | Imizuzu emi 5 | Umsebenzi Wepowusta |
| | Imizuzu eli 10 | Igalelo likatitshala – cacisela abafundi ngomsebenzi wohlolo. |
| | Imizuzu eli 15 | Phulaphula abafundi begqibezela umsebenzi wohlolo. |
| Iveki 1 NgoLwesihlanu | Imizuzu emi 5 | Umbongo / Ingoma / Umdlalo |
| | Imizuzu eli 10 | Phulaphula abafundi begqibezela umsebenzi wohlolo. |
| Iveki 2 NgoLwesine | Imizuzu emi 5 | Umsebenzi Wepowusta |
| | Imizuzu engama 25 | Phulaphula abafundi begqibezela umsebenzi wohlolo. |
| Iveki 2 NgoLwesihlanu | Imizuzu emi 5 | Umbongo / Ingoma / Umdlalo |
| | Imizuzu eli 10 | Phulaphula abafundi begqibezela umsebenzi wohlolo. |

Unemizuzu engama 60 yokuphulaphula kubo bonke abafundi begqibezela umsebenzi wohlolo.

Zama ukusebenzisa ubuchule (creative) uphulaphule abafundi abangaphezu komnye ngexesha xa ukwazi.

Kwaye, sebenzisa naliphi na ixesha elikhoyo, uphulaphule abafundi abambalwa xa abafundi besebenza bebodwa (independently).

## LISTENING & SPEAKING: POSTERS / UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA: IIPOWUSTA

**Qaphela:**
- Uzakwenza umsebenzi kwipowusta imizuzu elishumi ngoLwesine.
- Kwiveki enye, uzakuba neengxoxo ngepowusta.
- Kwiveki elandelayo, uzakufundisa abafundi amagama amatsha akwipowusta.

**Izixhobo Ezifunekayo:**
- Ipowusta esiyinikiweyo.
- Uludwe lwemibuzo yengxoxo / amagama asetyenziswayo/ imiyalelo.

**Amalungiselelo Emisebenzi Yonke Yeepowusta:**
1. Lungisa iklasi ukuze bonke abafundi babenako ukuyibona ipowusta.
2. Yibeke ngononophelo ipowusta endaweni ebonakalayo.
3. Biza abafundi ukuba bahlale ngocwangco emethini. Cula ingoma okanye udlale umdlalo wenzele ukuba abafundi baye ngokukhawuleza emethini.

**Ingxoxo ngePowusta:**
1. Xelela abafundi ukuba bajonge ipowusta ngononophelo.
2. Bacacisele ukuba xa ubuza umbuzo, ukuba bayawuphendula, mabaphakamise isandla.
3. Buza imibuzo wakugqiba uvumele abafundi abohlukeneyo baphendule.
4. Phendula imibuzo yabafundi. Ukuba baphendule into eyiyo, bakhuthaze ubancome. Ukuba basondele kwimpendulo eyiyo, baxelele, kwaye ubuze kwakho omnye umbuzo. Ukuba baphendule into eyiyo, baxelele impendulo wakugqiba ubabulele ngokuzama. Buza omnye umfundi.
5. Buza imibuzo ngqo. Loo nto ithetha ukuba uyakubuza abafundi abathile ukuba baphendule imibuzo.
6. Banike imibuzo, le mibuzo yicakacele abafundi bonke abaseklasini – buza abafundi abohlukahlukeneyo.
7. Kwimibuzo embaxa, xelela abafundi ukuba basebenze ngababini. Buza imibuzo ze uxelele abafundi ukuba mabayixoxe impendulo noogxa babo.
8. Ngoku, hlalisa abafundi ze ubuze omnye okanye ababini abafundi baxoxe ngeempendulo zabo neklasi.
9. Qiniseka ukuba uzabaxelela ngemibuzo embaxa, ayinampendulo eyiyo. Abafundi mabazame ukunika isizathu sempendulo abayinikayo.

**Isigama sePowusta:**
1. Yiba noluhlu lwamagama akwipowusta.
2. Xelela abafundi ukuba bajonge ipowusta ngononophelo.
3. Xelela abafundi ukuba uzakubiza igama, ke ufuna umfundi abe

mnye akhombe elo gama kwipowusta.

4. Biza igama lokuqala ube sele uvumela umfundi omnye okanye ababini bakhombe igama kwipowusta
5. Okulandelayo, buza abafundi ukuba bangakwazi na ukulicacisa igama. Vumela umfundi omnye okanye ababini baphendule.
6. Okokugqibela, xelela abafundi ukuba basebenze ngababini basebenzise igama kwisivakalisi. Bayeke baxoxe okwexeshana, cela isibini esinye okanye ezibini zabelane ngezivakalisi.
7. Bonisa abafundi ukuba libhalwa njani igama ngokuthi ulibhale ebhodini.
8. Qhuba wenze njalo nangamanye amagama akuluhlu lwakho.

.

## LISTENING & SPEAKING: GAMES, SONGS, RHYMES / UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA: IMIDLALO, IINGOMA,IMIBONGO

**Qaphela:**
- Uzakwenza umdlalo/ingoma/umbongo imizuzu elishumi kwisifundo sangoLwesihlanu.

**Izixhobo Ezifunekayo:**
- Umdlalo, ingoma okanye umbongo okhethiweyo.

**Ukuzilungiselela:**
- Hlalisa abafundi ngocwangco kwiidesika zabo okanye kwindawo evulekileyo, kuya ngokomsebenzi ozakuwenza.

**IINGOMA /IMIBONGO**
- Fundisa abafundi ukucula iingoma okanye ukucengceleza imibongo.
- Zama ukukhetha iingoma nemibongo eneentshukumo. Khuthaza bonke abafundi bathathe inxaxheba kwaye benze neentshukumo.
- Khuthaza abafundi bonwabele isingqisho nolwimi lweengoma nemibongo, khankanya izandi eziphindwayo, izingqisho ezicothayo nezinamendu, nantoni na eyonwabisayo kwingoma nombongo lowo.
- Ubuchule obububo kukufundisa abafundi iingoma namabali aqhelekileyo kwizinto ezenziwa rhoqo eklasini. Umzekelo, 'Le yindlela yokuvala iincwadi , yokuvala iincwadi, yokuvala iincwadi. Le yindlela yokuvala iincwadi, xa sigqibile ngomsebenzi.'

**IMIDLALO**
1. Dlala umdlalo nabafundi okhuthaza ukukhula nokuthethwa kolwimi ngokonwaba.
2. Cacisela abafundi ngemithetho yemidlalo ukuze abafundi bakwazi okulindelekileyo kubo.
3. Ungadlala umdlalo wolwimi lwakho, okanye omnye wale ilandelayo imidlalo:

**USimon uthi:**
- Abafundi bakopa okwenziwa ngutitshala xa esithi 'USimon uthi yenza lento' enze emlinganisa.
- Abafundi abamlinganisi utitshala xa esithi 'Yenza oku' ze angakwenzi.
- Ukuba umfundi uyawushukumisa umzimba xa utishala esithi 'Yenza Oku', umfundi uyakukhutshwa emdlalweni.

**Ndiye evenkileni ndathenga…**
- Lungisa abantwana kwizangqa ezili 10.
- Yonyula inkokheli yeqela – umfundi okwaziyo ukugcina imiyalelo nonezakhono zokukhokela.
- Khumbuza abafundi ngezinto zonke abazibonileyo kwipowusta.

Baxelele ukuba bazakudlala umdlalo wokuya kuthenga ngokwakule powusta.

- Inkokheli yeqela makathi uthenge into nokuba inye. Umzekelo: ‘Ndiye evenkileni ndathenga intyatyambo.’
- Umntu osecaleni kwenkokheli makathi uthenge izinto ezimbini. Umzekelo: ‘Ndiye evenkileni ndathenga intyantyambo kunye nethanga.’
- Umntu olandelayo makathi uthenge izinto ezintathu. Umzekelo: ‘Ndiye evenkileni ndathenga intyantyambo, ithanga, kunye nomnqwazi.’
- Ukuba omnye weqela ulibele into ethengwayo, makaphume emdlalweni.
- Qhubani de kushiyeke umfundi abe mnye. Lo ngophumeleleyo.

**Imibuzo engamashumi amabini**

Dlala lo mdlalo neklasi yonke.Utishala makawulawule umdlalo.

- Yenza umfundi omnye ‘umcingi’. Umcingi ucinga ngomntu, indawo okanye into ephathekayo (eyaziwayo nguwonke wonke).
- Abanye abafundi mababuze imibuzo kwaye bazame ukuqashisela ukuba yintoni ephethweyo, umcingi angaphendula kuphela ngokuthi ‘ewe’ okanye ‘hayi’.
- Abafundi abaqashelayo mabazame babize umntu, indawo okanye into leyo kanga ngamashumi amabini.
- Umfundi oqashele ngendlela eyiyo uba ngumcingi olandelayo.

## LISTENING & SPEAKING: ASSESSMENT ACTIVITIES / IMISEBENZI YOKUHLOLA UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

**Qaphela:**

- Njalo kwiiveki ezimbini uzakwenza umsebenzi wokuhlola kunye nabafundi bakho.
- Loo nto ithetha ukuba unezifundo ezi 4 zokuphulaphula umfundi ngamnye eklasini xa esenza umsebenzi.
- Nangona isifundo ngasinye sinomahluko, kukho izinto ekufuneka uziqhelanise nazo kwaye uzilandele. Nalu uluhlu ngezantsi :

1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Xelela abafundi ukuba uzakwenza ntoni kwesi sifundo. Umz. Namhlanje, sizakuthetha ngento eyenzeke kuthi.
3. Qala ngokwenzela abafundi umfuziselo, njengokuba usenza kwizifundo zokubhala.

   **Yithi:**
   - Hmm, ndingathetha ngantoni? (Vala amehlo akho wenze ngathi uyacinga.)
   - Ndiyazi! Ndizakuxelela ngotyelelo lwam ezivenkileni ngoMgqibelo.
   - Ndizakuxelela ukuba kwenzeke ntoni kuqala, yintoni elandelayo eyenzekileyo ekugqibeleni.
   - Okokuqala, ndiye ndakhwela iteksi ndaya esixekweni nomama wam ngentsasa yangoMgqibelo.
   - Okulandelayo, besiye kwivenkile yezihlangu ndaze ndazithengela izihlangu ezintsha. Zizihlangu ezimhlophe ze Adidas, kwaye ndiyazithanda!
   - Okokugqibela, umama wam usithengele isiselo seCoke kunye nepayi. Sihleli epakini satya isidlo sethu sasemini.

4. Okulandelayo, cacisela abafundi ukuba ungantoni umsebenzi.

   **Yithi:**
   - Ngoku cinga ngamava omntu.
   - Xela izinto zibentathu.
   - Ndixelele ukuba kwenzeke ntoni kuqala.
   - Ndixelele ukuba kwaze kwenzeka ntoni emva koko.
   - Ndixelele ukuba kwenzeke ntoni ekugqibeleni.

5. Kengoku, nika abafundi indlela engabanceda babe nesakhono sokuthetha.

   **Umzekelo:**
   - Zama ukuma ungagungqi xa uthetha nam.
   - Zazi ukuba uzakuthini – zama ungathi ‘ummm’ okanye ‘aaahhh’.
   - Thetha ngelizwi eliqabavu, ukhwaze.

6. Ekugqibeleni, xelela abafundi xa bezakuthetha nawe.

**Umzekelo:**

- Ndifuna nonke ukuba nibuyele kwiitafile zenu niqhubeke nomsebenzi wenu wokubhala.
- Ke ngoku, ndizakunibiza nize etafileni yam, ngabanye ngabanye.
- Umfundi ngamnye uzakufumana elakhe ithuba lokuba aze kundixelela ngawakhe amava.
- Nceda ukhumbule ukusebenza ngokuthe cwaka.

Yenza ukuba ibe ngamava ayimpumelelo kubafundi. Bancome ngokuzama. Yakha ukuzithemba kubo ngokuthi ubabonise ukuba into abayithethayo ibalulekile.

# WRITING STRATEGIES

## TEACHERS MODEL WRITING FIRST / OOTITSHALA BENZA UMFUZISELO WOKUBHALA KUQALA

1. Utitshala ufanele ukubonisa abafundi indlela yokwenza umsebenzi / amanyathelo alandelwayo kuqala- ufanele ukwenza yonke into efanele ukwenziwa ngumfundi.
2. Emva kokuba utitshala ebonisile okufanele kwenziwe, abafundi bazakuba nomfanekiso ngqondweni ocace gca.
3. Utitshala kufanele axele ubuchule bokubhala obusetyenzisiweyo ukuzoba lomfanekiso ngqondweni walo msebenzi kubafundi.

## WRITERS THINK BEFORE THEY WRITE / ABABHALI BAYACINGA PHAMBI KOKUBA BABHALE

1. Ukubhala linyathelo / sisenzo sokubeka iingcinga ephepheni.
2. Loo nto ithetha ukuba ababhali kufuneka bacinge kuqala ze bathathe isigqibo ngento ababhala ngayo phambi kokubeka imibono ephepheni.
3. Ikwathetha ukuba akukho zimpendulo zizizo nezingezizo xa kubhalwa – umbhali ngamnye ufanele ukuba neengcinga zakhe azakubhala ngazo.

## WRITERS WRITE WHAT THEY KNOW / ABABHALI BABHALA NGENTO ABAYAZIYO

1. Ababhali mabakhuthazwe babhale ngobomi babo namava abo, kuba oku kubanceda babhale imibhalo yenene neyiyiyo.
2. Kufuneka sibafundise ukuba ubomi babo bubalulekile kwaye kulixabiso ukubhala ngabo.

## WRITERS ZOOM IN TO SMALLER MOMENTS / ABABHALI BANGQALA KUMZUZWANA OMNYE OMNCINANE

1. Ababhali mabakhuthazwe bangabhali amabali antsokothileyo.
2. Loo nto ithetha ukuba mabakhuthazwe bachonge owona mzuzwana abazakubhala bagxininise kuwo baze babhale ngokuthe gabalala.
3. Oku kubenzela lula ababhali futhi ke kukhokelela ekubhaleni ngempumelelo.

## WRITERS PLAN BEFORE THEY WRITE / ABABHALI BAYAYICEBA / BAYAYIYILA IMIBHALO YABO PHAMBI KOKUBA BABHALE

1. Yonke imibhalo eyiyiyo yeyiliweyo kuqala
2. Xa benzelwe UMFUZISELO wento yonke abafundi, lixesha lokuba baziqalele inkqubo yokubhala.
3. Iindlela zokuyila eziqatha kunga kukubhala uluhlu / uludwe lwamagama, ukwenza umfanekiso ngqondweni / imephu yengqondo, ukuphendula imibuzo okanye ukuyila uluhlu lwamanyathelo.

## WRITERS DRAW A LINE FOR EACH WORD / ABABHALI BAKRWELELA UMGCA IGAMA NGALINYE

1. Ababhali mababale inani lamagama akwisivakalisi, baze bakrwele umgca omele igama ngalinye.
2. Imigca mayikrwelwe ukusuka ngasekhohlo ukuya ngasekunene besuka nangasentla ukuya ezantsi.
3. Imigca mayibe nobude obulingana nobude begama ngalinye.
4. Izithuba mazishiywe phakathi kwamagama.
5. Ekupheleni kwesivakalisi umbhali makafakele isingxi.

# WRITING STRATEGIES

## WRITERS USE RESOURCES TO WRITE WORDS / ABABHALI BASEBENZISA IZIXHOBO ZOKUBHALA AMAGAMA

1. Ababhali mabafundiswe ukuba bangawabuzi kutitshala onke amagama abangawaziyo.
2. Kufuneka basebenzise ezinye izixhobo abanazo, ezinje: ngamagama akwibhokisi yamagama, amagama aseludongeni, izichazi magama, ezinye iincwadi, uluhlu lwamagama opelo, kwakunye noogxa babo eklasini.

## WRITERS SAY WORDS SLOWLY LIKE A TORTOISE / ABABHALI BABIZA AMAGAMA NGOKUCOTHA NJENGOFUDO

1. Fundisa ababhali babize igama abangalaziyo ngokucotha, bazame ukuchonga izandi ezahlukeneyo ezakha igama elo.
2. Xa besiva isandi, kufuneka basibhale.
3. Bangangalipeli igama ngokuchanekileyo, kodwa eli lizakuba linqanaba lokuqala lokubhala izandi ezingaziwayo.
4. Umzekelo u ama angabhalwa njengo am okanye m. Utitshala angongeza apha abonise umbhali upelo oluchanekileyo.

## WRITERS ADD DETAILS / ABABHALI BAFAKELA IINKCUKACHA

1. Kumaxesha awohlukeneyo ebalini, abafundi mabakhangele ingaba kufanelekile na ukuba bafakele iinkcukacha.
2. Linkcukacha zenza imibhalo inike umdla.
3. Ezi nkcukacha ingaziinkcukacha ezichazayo, ezinje ngezichazi okanye izibaluli.
4. Ababhali abancinane bangafakela iinkcukacha kwimizobo yabo.

# WRITING STRATEGIES



## WRITERS READ WHAT THEY WRITE / ABABHALI BAYAYIFUNDA IMIBHALO YABO

1. Fundisa abafundi bafunde imibhalo yabo ngokuvakalayo.
2. Xa besenza oku, kufuneka bakhangele ukuba akukho magama ashiyiweyo na.
3. Kufuneka bazame ukufumanisa ukuba amagama alandelelana ngokuchanekileyo kwisivakalisi.
4. Abafundi bangazifundela ngokuvakalayo okanye bafundele umlingane / ugxa wabo.
5. Ukuba nababukeli (oogxa babo eklasini) xa bebhala kunika imibhalo yabo intsingiselo ecacileyo.



## WRITERS SELF-EDIT / ABABHALI BAYAZIHLELA

1. Ababhali kufuneka basebenzise imiqathango netshekhlisti abayinikiweyo xa behlela imibhalo yabo.
2. Itshekhlisti mayicaciswe gca kubabhali.
3. Ababhali mabafundiswe indlela yokulungisa iimpazamo abazifumanayo.



## WRITERS PEER EDIT / ABABHALI BAHLELA OOGXA / ABALINGANE BABO

1. Ababhali mabatshintshisane ngomsebenzi wabo nabalingane / oogxa babo, baze bahlele imisebenzi yoogxa babo besebenzisa itshekhlisti abayinikiweyo.
2. Qala ngokucacisa itshekhlisti gca.
3. Emva koko, cacisa indlela abalingane / oogxa abazakulungisa ngayo iimpazamo abazifumanayo.
4. Abalingane mabajonge yonke imiqathango ekwitshekhlisti.

## WRITERS REWRITE THE FINAL TEXT / ABABHALI BABHALA ITEKISI YOKUGQIBELA KWAKHONA

1. Emva kokuba umbhali ehlele waze wahlaziya itekisi, kufuneka ibhalwe kwakhona cocekileyo ukuze iboniswe.
2. Kufuneka sifundise abafundi bazingce ngemisebenzi yabo, baze bayibhale ngocoselelo kwakhona.

## TEACHERS AND WRITERS ENCOURAGE WRITERS / OOTITSHALA NABABHALI BAYABAKHUTHAZA ABANYE ABABHALI

1. Eyona nto ibalulekileyo xa ungumbhali onempumelelo kukwakha ukuzithemba ekubhaleni kwakho.
2. Ootitshala abavunyelwa kwaphela ukuba baphoxe ababhali.
3. Ababhali bafanele ukufundiswa ukuxhasa nokukhuthaza abalingane babo – kufuneka kubekho ukuthembana kwiklasi ekubhalwa kuyo.

## WRITERS TURN AND TALK / ABABHALI BAYAJIKA BAZE BATHETHE

1. Ababhali kufuneka ukuba bajike bajonge umlingane / ugxa wabo baze bathethe ngento abasebenza ngayo xa benika ingxelo.
2. Ababhali mabafundiswe ukutshintshisana baze baqale ukunika ingxelo ekhuthazayo.
3. Ungacela abafundi bakhangele into ethile nomlingane, umzekelo: xelela umlingane wakho ngento ozakubhala ngayo.

# WRITING STRATEGIES



## THUMBS UP, THUMBS DOWN / IMINWE PHEZULU, IMINWE PHANTSI

1. Nanini na, utitshala angayalela ababhali okanye oogxa babo ukuba bakhangele isakhono esithile kwimibhalo yabo.
2. Ukuba sifumanekile, umbhali / umlingane uzakubonisa “oobhontsi phezulu”.
3. Ukuba asifumanekanga, umbhali / umlingane uzakubonisa “oobhontsi phantsi”.
4. Utitshala angasebenzisa eli cebo / isicwangciso ukukhangela nokubona ukuba ngubani na ofuna uncedo.



## HOLD MINI CONFERENCES / YENZA UDLIWANO NDLEBE OLUNCINANE

1. Utitshala uhamba aye kwiqela labafundi enze udliwano ndlebe kunye nabo akhangele into abayenzileyo, abenegalelo kuloo msebenzi wenziweyo.
2. Bonke abafundi kwiqela elo bayaphulaphula babenegalelo.
3. Abafundi bafunda ukumamelana, baze bathi ngokuphulaphula kutitshala banike ingxelo kwabanye.



## WRITERS USE THEIR MEMORIES TO WRITE WORDS / ABAFUNDI BASEBENZISA IINKUMBULO ZABO UKUBHALA AMAGAMA

1. Ababhali bafanele ukufundiswa ukuba bangaceli kutitshala ukubhalelwa onke amagama abangawaziyo.
2. Abafundi mabafundiswe ukuzama ukukhumbula amagama abawafundisiweyo, baze babhale lamagama besebenzisa iinkumbulo zabo (memory).

**Morning Oral Work**

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

**Phonics**

New sound
Spelling words

Sound **ndl**

10 min

Phonic Words

isandla indlela indlebe indlala indlu

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **1**

15 min

**Handwriting**

Handwriting practice

Letter *ndl*

30 min

Handwriting Words

indlu indlela indlovu

Handwriting Pattern:

*ao ao ao*

Handwriting Sentence:

*Indlulamthi inendlebe ezinkulu.*

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **2**

15 min

**Shared Reading**

Pre-read

15 min

Look And Say Words

ndwendwela yezilwanyana ingwane eyinkwenkwezi nookrebe

**Morning Oral Work**

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

**Phonics**
DBE workbook
Sound **ndl**
10 min

Incwadi Yokusebenzela Yoku-1
YeDBE
Amaphepha: 71, 99, 113

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**
Group **3**
15 min

**Writing**
30 min

**Kwesi sifundo, abafundi bazakwenza idayari abazakuyisebenzisa kwezi veki zintathu zilandelayo.**

**IInjongo**
Abafundi kufanele bazi:
- Ukugcina idayari, baqwalasele imozulu kunye nolwazi.

**Izixhobo ezifunekayo:**
Itshokhwe kunye nebhodi
Iidayari zabafundi kunye neepensile
Amaphepha amabini ahamba wodwa kumfundi ngamnye (oku kungathathwa kwiincwadi zabafundi) kunye neekhrayoni
Isiteypla , ukuba sikhona.

**Ukuzilungiselela:**
1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bakwiidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kweedesika zabo.
3. Okulandelayo, kubhalwe ebhodini:

Idayari (isichazi) yam

UMFANEKISO

Ngu (igama)

**Umfuziselo:**
1. Xelela abafundi ukuba namhlanje, bazokuyila idayari.

2. Cacisa ukuba idayari yindawo ebalulekileyo yokubhala ngawe.
3. Cacisa ukuba idayari yenziwe ukuba ibe yinto ebalulekileyo yabucala.
4. Sebenzisa UMFUZISELO ukubonisa abafundi ukuba agotywa njani amaphepha amabini ngaxesha nye ukwenza incwadana encinane. (Ukuba ikhona, sebenzisa UMFUZISELO ukubonisa ukongezwa kweziteypla.)
5. Chaza ukuba namhlanje, abafundi bazakwenza IQWEQWE LANGAPHAMBILI ledayari yabo.
6. Cacisa ukuba bazakusebenzisa amaphepha angaphakathi ukubhala ngabo.
7. Cacisa ukuba namhlanje, abafundi bazakuzenzela iqweqwe labo ngendlela abayifunayo.
8. Chaza ukuba bazofakela ISICHAZI ukuchaza idayari yabo.
9. Cela abafundi aba 2-3 ukuba banike izichazi ezingasetyenziswa, njengo: kwakuhle, ebalulekileyo, yabucala.
10. Sebenzisa UMFUZISELO ukubonisa abafundi ukuba yenziwa njani iqweqwe langaphambili.
11. Cacisa ukuba umfanekiso ingaba nguwo nowantoni na kuba yindawo yabo ebalulekileyo yokubhala.
12. Khumbuza abafundi ukuba babhale amagama abo kwiqweqwe eliphambili.

**Imiyalelo Ye-Orali:**
1. BANIKE AMAPHEPHA AHAMBA ODWA.
2. Yalela abafundi ukuba BAGOBE amaphepha abo embindini ukwenza incwadana.
3. (ukuba sikhona, bachazele ukuba isiteypla sizagqithiswa kumntu wonke, kwaye abafundi kufanele bafake isiteypla ESINYE xa sele kulithuba labo)
4. Khumbuza bafundi ukuba bazokwenza IQWEQWE LAPHAMBILI yedayari yabo namhlanje.
5. Cela abafundi ukuba bakhombe iqweqwe labo laphambili
6. Hamba - hamba uqinisekise ukuba abafundi bakhomba endaweni efanelekileyo yephepha.
7. Cela abafundi ukuba bacinge ngezichazi abazakuzisebenzisa, kuba ABABHALI BAYACINGA NGAPHAMBI KOKUBA BABHALE.
8. Cela abafundi aba 4-5 ukuba babelane ngamava abo.

**Okubhalwayo:**
1. Xelela abafundi ukuba baqalise ukubhala.
2. Hamba – hamba eklasini ugqibezele UDLIWANO NDLEBE OLUNCINANE.
3. Ngelixa nihamba- hamba, KHUTHAZA ABAFUNDI.

Eyona nto ibalulekileyo ekubhaleni kukwakha ukuzithemba kubafundi. Mabazive bekhululekile ukubeka usiba ephepheni.

4. Xa sele liphelile ixesha, qokelela idayari zabafundi. Chaza ukuba abafundi bazakuzisebenzisa, ngaphandle kwencwadi eziqhelekileyo, kwezi veki zilandelayo.

**Morning Oral Work**

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

**Phonics**

New sound

Sound **ntl**

10 min

Phonic Words

intloko intle intliziyo intlama intlungu

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **5**

15 min

**Handwriting**

Handwriting practice

Letter *ntl*

15 min

Handwriting Words

intlekisa intliziyo iintlobo

Handwriting Pattern:



Handwriting Sentence:

*Uzintle unentliziyo entle.*

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **6**

15 min

**Shared Reading**

Second read

15 min

DBE Workbook 1

Jonga zonke ezi ntlanzi

Page 78

## Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

## Phonics

Own choice

Sound **ntl**

10 min

## Group Guided Reading
## Paired / Independent Reading

Group **7**

15 min

## Writing

15 min

**Iinjongo**
Abafundi kufanele bakwazi:
- Ukugcina izichazi magama, baqwalasele imozulu kunye nolwazi
- Ukuchonga nokusebenzisa izibizo, izichazi, isibaluli kunye nezenzi.

**Izixhobo ezifunekayo:**
Itshokhwe kunye nebhodi
Iidayari zabafundi kunye neepensile

**Ukuzilungiselela:**
1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bakwidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kwedesika zabo
3. Le freyimu yokubhala ilandelayo, ebhaliweyo ebhodini:

Molo Dayari,

Namhlanje ku (umhla)

Imo yezulu i: (2 amagama)

Ndingazichaza ngale ndlela: (4 izivakalisi, 4 izichazi)

Ozithobileyo,

____________

**Umfuziselo:**
1. Xelela abafundi ukuba namhlanje, bazakubhala inyathelo lokuqala lokubhala idayari.
2. Chaza ukuba namhlanje, abafundi bazakuchaza ububona.
3. Chaza ukuba sizakufuna IZICHAZI ukuzichaza thina.
4. Buza kubafundi IZICHAZI ezichaza ubunjani babantu.
5. Yenza UXULUSHO ngezichazi ebhodini, ezinjengokuba: into engeyiyo, ukurweba, uchwenene/inene, imbaleki, umchweli.
6. Sebenzisa UMFUZISELO ukubonisa abafundi ukuba uyisebenzisa njani ifreyimu yokubhala ukubhala umyalezo kwiphepha lokuqala ledayari.
7. Khumbuza abafundi ukuba idayari  yindawo yokubhala konke ngathi kunye nokubhala nokuba yintoni efunekayo.
8. Khumbuza abafundi ukuba le dayari yinto yabucala—NGUWE kuphela ozakuyifunda, akufanelekanga ukwabelana ngayo nabanye abafundi.

**Imiyalelo Ye-Orali:**
1. Yithi: Ngoku lithuba lokuba sibhale iphepha lokuqala ledayari.
2. KHUPHA IIDAYARI ZABAFUNDI
3. Cela abafundi ukuba bavule iphepha lokuqala ledayari.
4. Hamba-hamba eklasini uqinisekise ukuba abafundi bakwiphepha elililo.
5. Cacisa ukuba kulapho bazakubhala idayari yabo.

**Okubhalwayo:**
1. Xelela abafundi ukuba baqale ukubhala idayari yabo.
2. Khumbuza abafundi ukuba basebenzise IZICHAZI.
3. Khumbuza abafundi ukuba basebenzise ifreyimu yokubhala.
4. Hamba-hamba eklasini ugqibezele UDLIWANO NDLEBE OLUNCINANE.
5. Ngelixa nihamba- hamba, KHUTHAZA ABAFUNDI. Eyona nto ibalulekileyo ekubhaleni kukwakha ukuzithemba kubafundi. Mabazive bekhululekile ukubeka usiba ephepheni.
6. Ekupheleni kwesifundo, qokelela iidayari zabafundi.

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**
Group **8**
15 min

**Listening and Speaking**

Poster discussion

UKUNDWENDWELA UMAKHULU

5 min

**Assessment activity**

25 min

Poster Discussion

1. Luhambe ngantoni usapho ukuya kwamakhulu? (Ngeteksi.)
2. Ucinga ukuba utyelelo lolu sapho lude okanye lufutshane? Ngoba? (Utyelelo olude – Baphethe umthwalo omkhulu.)
3. Ucinga ukuba ngubani utyelele umakhulu? (Umama, utata, usisi kunye nobhuti.)
4. Nika uludwe lwezilwanyana ozibonayo. (Injana, inkukhu kunye neebhokhwe.)
5. Ucinga ukuba kuleliphi ixesha? Ngoba? (Emva kwemini. Ilanga liya kutshona kwaye isibhakabhaka sibabomvu. Abantu basekhaya emva kwemini.)

**UMSEBENZI WOKUPHULAPHULA NOKUTHETHA:**
Ukuphulaphula uphendule ngendlela efanelekileyo kwiqela yemiyalelo. Thethani ngemiyalelo.

**Iinjongo:**
Ekupheleni kwesi sifundo, abafundi bafanele ukwazi:
- Ukuphulaphula kwaye baphendule ngokufanelekileyo kuluhlu lwemiyalelo.
- Ukuthetha ngemiyalelo.

**Inkcazelo Yesifundo:**

a. Hlalisa abafundi ukuze baphulaphule ngenyameko.
b. Ukuba abafundi bakwiidesika zabo, qinisekisa ukuba iidesika zabo zicocekile.
c. Qinisekisa ukuba abafundi bahleli ngocwangco kwaye bonke bayabona phambili eklasini.
d. Qinisekisa ukuba umfundi ngamnye unepensile eloliweyo.
e. Banike iincwadi zabo zokubhala.
f. Qinisekisa ukuba iincwadi zabo zivaliwe.
g. Xelela abafundi ukuba uzakubanika uluhlu lwemiyalelo, kwaye kuzakufuneka ukuba baphulaphule ngenyameko lento uyithethayo.(Njengokuba unika imiyalelo kufaneleke ukuba ume ujonge ukuba abafundi bakugqibile ebebeyalelwe ukuba bakwenze ngaphambi kokuba udlulele komnye umyalelo).

    a. Xelela abafundi ukuba bavule iincwadi zabo batyhile kwiphepha elicocekileyo.
    b. Xelela abafundi ukuba bagobe iphepha labo embindini.
    c. Xelela abafundi ukuba babhale umhla kwikona yangasekhohlo kwiphepha labo.
    d. Xelela abafundi ukuba babhale amagama wabo kwikona yasekunene kwiphepha labo.
    e. Xelela abafundi ukuba bazobe isikwere embindini wephepha.
    f. Xelela abafundi ukuba bazobe unxantathu phezu komzobo wesikwere.
    g. Baxelele ukuba bazobe uxande phakathi kwesikwere olufika kumgca ongezantsi kwesikwere.
    h. Xelela abafundi ukuba bazobe izikwere ezincinci kwelinye icala kunye nombhoxo buxande kwelinye icala.
    i. Xelela abafundi bacinge ukuba ingaba yintoni into abayizobayo, ukuze bafakele umbala.

h. Xelela abafundi ukuba bavale iincwadi zabo.
i. Cacisela abafundi ukuba kwezi zifundo zilandelayo zokuphulaphula uzakumamela bonke abafundi bethetha ngesi sifundo.
j. Wonke umfundi kufanele:
    - Acacise ukuba wenze njani ukwenza lo msebenzi.
    - Acacise ukuba xa ecinga ingazeziphi iimilo ezi.

Umyalelo katishala: mayime njengendlu

**Ukumaka:**

a. Sebenzisa le rubriki ilandelayo ukuhlola umntwana ngamnye.
b. Bhala iziphumo zabo kwincwadi yokuhlola.
c. Okunye, bhala ngenkxalabo onayo ngokuphulaphula nokuthetha komfundi ngamnye.

| Inqanaba lokuhlola | Usebenza ngokungekanelisi | | Usebenza ngokwanelisayo | | Usebenza ngokugqwesileyo | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| Landela imiyalelo | Umfundi ulandele imiyalelo1 – 3 ngokuchanekileyo. | 1-2 | Umfundi ulandele imiyalelo 4 – 6 ngokuchanekileyo | 3-4 | Umfundi ulandele imiyalelo7 – 9 ngokuchanekileyo | 5-6 |
| Thetha ngemiyalelo | Umfundi akakwazi ukuthetha ngakwenzileyo ukulandela imiyalelo. | 0 | Umfundi uyakwazi ukuthetha ngakwenzileyo ukulandela imiyalelo, kodwa akathethi ngqo | 1 | Umfundi akakwazi ukuthetha ngqo ngokucacileyo ukulandela imiyalelo | 2 |
| Izakhono zokuthetha eziqhelekileyo | Umfundi uyathingaza kwaye intetho yakhe ayivakali. | 0 | Umfundi uthetha qabavu kwaye uyavakala. | 1 | Umfundi uthetha ngokuqinisekileyo, ngokucacileyo kwaye uyavakala. | 2 |

**QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubafundi bonke eklasini yakho.** Esi sisifundo 1 kwezi 4.

| | | | |
|---|---|---|---|
| 1 | 2 | 3 | 4 |

## Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

## Phonics

**Spelling test**

Sound **ndl, ntl**

20 min

| Spelling Test | Date: |
|---|---|
| 1. isandla | 6. intloko |
| 2. indlela | 7. intle |
| 3. indlebe | 8. intliziyo |
| 4. indlala | 9. intlama |
| 5. indlu | 10. intlungu |

**Dictation Sentence**

Intle incwadi enemifanekiso yesandla, indlebe nentliziyo efakelwe imibala.

## Group Guided Reading
## Paired / Independent Reading

Group **9**

15 min

## Writing

**DBE workbook**

15 min

Incwadi Yokusebenzela
Yoku-1 YeDBE
Amaphepha: 59,66, 67,68.

## Group Guided Reading
## Paired / Independent Reading

Group **10**

15 min

**Listening and Speaking**

Rhyme, song or game

5 min

**Assessment activity**

10 min

**QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubo bonke abafundi eklasini yakho.** Esi sisifundo 2 kwezi 4.

| 1 | 2 | 3 | 4 |
|---|---|---|---|

**Shared Reading**

Post read

15 min

DBE Workbook 1

Jonga zonke ezi ntlanzi

Page 78

| COMPREHENSION: |
|---|
| **Questions** |
| Leliphi elinye igama elisetyenziswa kwindawo yezilwanyana zasemanzini? |
| Ivulwa nini le ndawo yezilwanyana? |
| Ivala nini? |
| Bhala uluhlu lwezilwanyana zasemanzini ezibhalwe kweli balana. |
| Bhala esi sivakalisi sibe kwixesha elizayo: Abantwana babuka izilwanyana zaselwandle. |
| **Answers** |
| Yi-akhwariyam. |
| Ngentsimbi yesithoba / 9:00. |
| Ngentsimbi yesihlanu /17:00. |
| Ingwane, intlanzi eyinkwenkwezi, ufudo lwamanzi, ookrebe, amahlengesi nezinja zaselwandle. |
| Abantwana bazakubuka izilwanyana zaselwandle. |

**Morning Oral Work**

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

**Phonics**

New sound
Spelling words

Sound **ncw**

10 min

Phonic Words

incwadi ncwina imuncwana umuncwana iyamuncwa

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **1**

15 min

**Handwriting**

Handwriting practice

Letter ncw

30 min

Handwriting Words

izinkcwe imuncwana incwadi

Handwriting Pattern:



Handwriting Sentence:

U Ncumisa unencwadi yamabali amnandi.

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **2**

15 min

**Shared Reading**

Pre-read

15 min

Look And Say Words

kancinci amabhabhathane iGautrain ibinesantya ubunamatye emgaqweni

**Morning Oral Work**

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

**Phonics**

Own choice

Sound **ncw**

10 min

Incwadi Yokusebenzela Yoku-1
YeDBE
Iphepha:

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **3**

15 min

**Writing**

30 min

**Iinjongo**
Abafundi kufanele bazi:
- Ukugcina idayari, nokuqwalasela imozulu kunye nolunye ulwazi.
- Ukubhala izivakalisi ezilishumi ngamava abo.

**Izixhobo ezifunekayo:**
Itshokhwe kunye nebhodi
Iidayari zabafundi kunye neepensile

**Ukuzilungiselela:**
1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bakwiidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kweedesika zabo.
3. Le freyimu yokubhala elandelayo, ebhaliweyo ebhodini

Dayari ethandekayo,

Namhlanje yi (umhla)

Imozulu i: (izivakalisi ezibini)

Into eyenzekileyo kule veki: (Izivakalisi 4-5)

Ndizive njani ngayo: (Izivakalisi 2-3)

Into endijonge uku: (Izivakalisi 2-3)

Ozithobileyo,

____________

**Umfuziselo:**
1. Xelela abafundi ukuba, bazakubhala isingeniso sabo sesibini.
2. Sebenzisa UMFUZISELO ukubonisa abafundi ukusebenzisa ifreyimu yokubhala ukubhala imiyalezo yesibini kwiidayari zabo.
3. Chaza ukuba abafundi bazakubhala izivakalisi ezilishumi ubuncinane.
4. Khumbuza abafundi ukuba idayari yindawo yokubhala konke ngathi kunye nokubhala nantoni na esiyifunayo.
5. Khumbuza abafundi ukuba le dayari yinto yabucala—NGUWE wedwa ozakuyifunda, angeke babelane ngabakubhalileyo naye namphi na umfundi.

**Imiyalelo Ye-Orali:**
1. Yithi: Ngoku lithuba lokubhala isingeniso sokugqibela sedayari.
2. KHUPHA IIDAYARI ZABAFUNDI
3. Cela abafundi ukuba batyhile iphepha lesibini ledayari yabo.
4. Hamba-hamba eklasini ujonge ukuba abafundi batyhile kwiphepha elililo.
5. Chaza ukuba kulapho bazokugcwalisa isingeniso sabo sedayari

**Okubhalwayo:**
1. Xelela abafundi ukuba baqalise ukubhala izingeniso zabo zedayari.
2. Khumbuza abafundi ukuba basebenzise ifreyimu yabo yokubhala.
3. Khumbuza abafundi ukuba babhale izivakalisi ezilishumi ubuncinane, njengefreyimu yokubhala ebancedayo.
4. Hamba – hamba eklasini wenza UDLIWANO NDLEBE OLUNCINANE.
5. Ngelixa nihamba- hamba, KHUTHAZA ABAFUNDI. Eyona nto ibalulekileyo ekubhaleni kukwakha ukuzithemba kubafundi. Mabazive bekhululekile ukubeka usiba ephepheni.
6. Ekupheleni kwesi sifundo, qokelela iidayari zabafundi.

**Ukumaka**
1. Nika abafundi ingxelo eyakhayo kwincwadi zabo. Ingaba yinkwenkwezi, ubuso obuncumileyo, igama: Kwakuhle!
2. Sebenzisa le rubhriki elandelayo ukuhlola umfundi ngamnye.
3. Bhala iziphumo kwincwadi yakho yokuhlola.
4. Kwaye, phawula ngenkxalabo onayo  ngendlela umfundi ngamnye athe wabhala ngayo

| Inqanaba lokuhlola | Usebenza ngokungekanelisi | | Usebenza Ngokwanelisayo | | Usebenza ngokugqwesileyo | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| **Umsebenzi: Ukusebenzisa idayari ngokufanelekileyo** | Umfundi AKABHALANGA isingeniso sedayari kwikhasi elililo. | 0 | Umfundi ubhale isingeniso sedayari kwikhasi elililo. | 1 | | |
| **Umsebenzi: Ukusebenzisa ifreyimu yokubhala** | Umfundi akasebenzisi ifreyimu yokubhala, OKANYE uneendawo azishiyileyo | 1 | Umfundi usebenzisa ifreyimu yokubhala, ukuhlela izivakalisi azibhalileyo. | 2 | Umfundi usebenzisa ifreyimu yokubhala ukuhlela izivakalisi azibhalileyo. Umfundi ubonakalisa ubuchule ukongeza ifreyimu yokubhala. | 3 |
| **Umsebenzi: Bhala izivakalisi ezili 10 ubuncinane** | Umfundi ubhale ngaphantsi kwezivakalisi ezilishumi, okanye izivakalisi ezilishumi ezingaphelelanga | 1-2 | Umfundi ubhale izivakalisi ezilishumi ezipheleleyo. | 3-4 | Umfundi ubhale izivakalisi ezingaphezu kweshumi ezipheleleyo. Umfundi ukwabonakalisa ubuchule. | 5-6 |

**Morning Oral Work**

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

**Phonics**

New sound

Sound **ndw**

10 min

Phonic Words

undwendwe undwebile ukundweba indwe

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **5**

15 min

**Handwriting**

Handwriting practice

Letter *ndw*

15 min

Handwriting Words

ukundweba ukundwendwela

Handwriting Pattern:

*ed ed ed*

Handwriting Sentence:

*UNdileka undwendwele uMandisa.*

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **6**

15 min

**Shared Reading**

Second read

15 min

DBE Workbook 1

Title: Sibuyela ekhaya

Page 94

**Morning Oral Work**

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

**Phonics**

Own choice

Sound **ndw**

10 min

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **7**

15 min

**Writing**

15 min

**Iinjongo**
Abafundi kufanele bazi:
- Ukugcina idayari, nokuqwalasela imozulu kunye nolunye ulwazi.

**Izixhobo ezifunekayo:**
Itshokhwe kunye nebhodi
Iidayari zabafundi kunye neepensile

**Ukuzilungiselela:**
1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bakwiidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kweedesika zabo.
3. Le freyimu yokubhala elandelayo, ibhalwe ebhodini:

Dayari ethandekayo,

Namhlanje yi (umhla)

Imozulu i: (izivakalisi ezimbini)

Izinto ezimbini endazithandayo ngokubhala kwidayari: (izivakalisi 2-4)

Ukubhala kwidayari kundenze ndaziva: (izivakalisi 2-4)

Esi sisingeniso sam sokugqibela kwidayari yam.

Ozithobileyo,

___________

**Umfuziselo:**
1. Xelela abafundi ukuba, bazakubhala isingeniso sabo sokugqibela.
2. Chaza ukuba namhlanje, abafundi bazakuzijonga indlela abaziva ngayo ngokubhala idayari.
3. Sebenzisa UMFUZISELO ukubonisa abafundi tyenziswa ifreyimu yokubhala ukubhala imiyalezo kwiidayari zabo.
4. Khumbuza abafundi ukuba idayari yindawo yokubhala ngathi kunye nokubhala nantoni na abayifunayo.
5. Khumbuza abafundi ukuba le dayari yinto yabucala—NGUWE wedwa ozakuyifunda, angeke babelane ngabakubhalileyo naye namphi na umfundi.
6. Chaza ukuba abafundi bangatsho nantonina abayifunayo ngokubhala kwidayari—ukuba bebengayithandi, bakhululekile ukuveza IMIBONO yabo.

**Imiyalelo Ye-Orali:**
1. Yithi: Ngoku lithuba lokubhala isingeniso sokugqibela sedayari.
2. KHUPHA IIDAYARI ZABAFUNDI
3. Cela abafundi ukuba batyhile iphepha lokuqala ledayari yabo.
4. Hamba-hamba eklasini ujonge ukuba abafundi batyhile kwiphepha elililo.
5. Chaza ukuba kulapho bazokugcwalisa isingeniso sabo sedayari.

**Okubhalwayo:**
1. Xelela abafundi ukuba baqalise ukubhala izingeniso zabo zedayari.
2. Khumbuza abafundi ukuba basebenzise ifreyimu yabo yokubhala.
3. Hamba – hamba eklasini ugqibezele UDLIWANO NDLEBE OLUNCINANE.
4. Ngelixa nihamba- hamba, KHUTHAZA ABAFUNDI. Eyona nto ibalulekileyo ekubhaleni kukwakha ukuzithemba kubafundi. Mabazive bekhululekile ukubeka usiba ephepheni.
5. Ekupheleni kwesi sifundo, qokelela iidayari zabafundi.

**Morning Oral Work**

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

**Phonics**

**Spelling test**

Sound **ncw, ndw**

20 min

| Spelling Test | Date: |
|---|---|
| incwadi | undwendwe |
| ncwina | undwebile |
| imuncwana | ukundweba |
| umuncwana | indwe |
| iyamuncwa | indwangu |

**Dictation Sentence**

Ndibone indwe incwina xa ibona undwendwe olundwebileyo kwiziko lwezilwanyana.

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **9**

15 min

**Writing**

**DBE workbook**

15 min

Incwadi Yokusebenzela
Yoku-1 YeDBE
Amaphepha: 71 ezantsi, 72 ezantsi , 73.

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **10**

15 min

## Listening and Speaking

Rhyme, song or game

5 min

Assessment activity

10 min

**QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubo bonke abafundi eklasini yakho.** Esi sisifundo 4 kwezi 4.

| 1 | 2 | 3 | 4 |
|---|---|---|---|

## Shared Reading

Post read

15 min

DBE Workbook 1

Title: Sibuyela ekhaya

Page 94

| COMPREHENSION: |
|---|
| **Questions** |
| Ebehamba ngantoni uJabu nabahlobo bakhe xa ebuyela ekhaya? |
| Ihamba njani iGautrain? |
| Nika imizekelo yezithuthi ekuthethwa ngazo kweli bali. |
| Ngeyiphi onqwenela ukuyikhwela? Ngoba? |
| Chonga isichazi kwesi sivakalisi:<br><br>IGautrain ngululiwe ongwevu nomfutshane ohamba ngesantya esiphezulu. |
| **Answers** |
| Ngololiwe omdle ojikajikayo nocothayo. |
| Iyakhawuleza, ihamba ngesantya esiphezulu. |
| Itreyini ende, iGautrain, ibhasi nenqwelo yamadonki. |
| Umfundi ngamnye uzakuziphendulela. |
| ongwevu, nomfutshane, esiphezulu. |

## Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

## Phonics

New sound
Spelling words

Sound **ntw**

10 min

**Phonic Words**

umntwana intwana intwaso abantwana intwala

## Group Guided Reading
## Paired / Independent Reading

Group **1**

15 min

## Handwriting

Handwriting practice

Letter ntw

30 min

**Handwriting Words**

isimntwiso abantwana

**Handwriting Pattern:**



**Handwriting Sentence:**

Abantwana besikolo boyika iintwala.

## Group Guided Reading
## Paired / Independent Reading

Group **2**

15 min

## Shared Reading

Pre-read

15 min

**Look And Say Words**

isiqalo isiqu isiphelo ngasemlanjeni iindlovu ngemiboko ugqirha

**Morning Oral Work**

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

**Phonics**
Own choice
Sound **ntw**
10 min

Incwadi Yokusebenzela Yoku-1
YeDBE
Iphepha : 11, 79, 71

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**
Group **3**
15 min

**Writing**
30 min

**Iinjongo**
Abafundi bafanele ukwazi:
- Ukubhala uhlalutyo lwencwadi olulula

**Izixhobo ezifunekayo:**
Ibhodi netshokhwe
Incwadi zabafundi kunye neepensile.

**Ukuzilungiselela:**
1. Hlalisa abafundi ngocwango ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi basezideskeni zabo qinisekisa ukuba akukho zinto ezidesikeni zabo.
3. Bhala olu luhlu lulandelayo ebhodini:

Umhlathi #1
Ibali elinye esilifundileyo eklasini ngu __________

Kwenzeke ntoni ebalini? (3-4 izivakalisi)

Ingaba yintoni eyonanto ibalulekileyo eyenzekayo ebalini?(2-3 izivakalisi)

**Umfuziselo:**
1. Xelela abafundi ukuba namhlanje, bazakubhala umhlathi wabo wokuqala WOKUHLALUTYA INCWADI.
2. Chaza ukuba namhlanje, abafundi bazakucinga ngencwadi noba yeyiphi ababekhe bayifunda eklasini. Bazakubhala konke ngale ncwadi.
3. Sebenzisa UMFUZISELO ukubonisa abafundi ukusetyenziswa kwefreyimu yokubhala, ukubhala

umhlathi.
4. Khumbuza abafundi ukuba umhlathi uquke ISIHLOKO SESIVAKALISI, ISIQU, kunye NESIVAKALISI ESISHWANKATHELAYO.
5. Sebenzisa UMFUZISELO ukukhumbuza abafundi ukuba ABABHALI BASEBENZISA IZIXHOBO nokuBIZA AMAGAMA NGOKUCOTHA NJENGOFUDO kunye NOKUBHALA ZONKE IZANDI ABAZIVAYO ukuba bafuna ukubhala amagama amatsha.
6. Chaza ukuba bazakubhala IZIMVO zabo ngeyona nto ebalulekileyo eyenzeka ebalini.
7. Cacisa ukuba izimvo yinto OYICINGAYO – akukho mpendulo eyiyo.

**Imiyalelo Ye-Orali:**
1. Yithi: Ngoku lithuba lenu lokubhala eyenu imihlathi.
2. Cela abafundi ukuba bacinge ngencwadi abakubhala ngayo kuba ABABHALI BAYACINGA NGAPHAMBI KOKUBA BABHALE.
3. Buza abafundi 2-3 ukuba babelane ngencwadi abazakuyikhetha.
4. KHUPHA IINCWADI ZABAFUNDI.
5. Cela abafundi ukuba bavule iphepha elilandelayo elingenanto kwincwadi zabo.
6. Hamba-hamba eklasini uqinisekise ukuba abafundi batyhile kwiphepha elililo.

**Okubhalwayo:**
1. Xelela abafundi ukuba baqale ukubhala imihlathi yabo.
2. Khumbuza abafundi ukuba basebenzise ifreyimu yokubhala.
3. Khumbuza abafundi kufanele babhale umhlathi ogcweleyo.
4. Hamba-hamba eklasini ugqibezele UDLIWANO NDLEBE OLUNCINANE.
5. Ngelixa uhamba -hamba, KHUTHAZA ABAFUNDI. Eyona nto ibalulekileyo ekubhaleni kukwakha ukuzithemba kubafundi. Mabazive bekhululekile ukubeka usiba ephepheni.
6. Ekupheleni kwesifundo, qokolela iincwadi zabantwana.

**Ukumaka:**
1. Nika abafundi ingxelo eyakhayo kwiincwadi zabo. Ingaba yinkwenkwezi, ubuso obuncumileyo, igama: Kuyancomeka!
2. Sebenzisa le rubhriki elandelayo ukuhlola umfundi ngamnye.
3. Bhala iziphumo kwincwadi yakho yokuhlola.
4. Kwaye, phawula ngenkxalabo onayo ngendlela umfundi ngamnye athe wabhala ngayo.

| Inqanaba lokuhlola | Usebenza ngokungekanelisi | | Usebenza ngokwanelisayo | | Usebenza ngokugqwesileyo | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| **Umsebenzi: Ukukhetha nokuchaza incwadi** | Umfundi akakhethi incwadi, okanye akabhali ngencwadi efanayo. | 0 | Umfundi ukhetha incwadi eklasini abhekiselele kumhlathi wabo encwadini. | 1 | | |
| **Umsebenzi: Ukusebenzisa ifreyimu yokubhala.** | Umfundi akasebenzisi ifreyimu yokubhala, OKANYE kukho iindawo abazishiyayo. | 1 | Umfundi usebensa ifreyimu yokubhala ukuba baqokelele izivakalisi abazibhalileyo. | 2 | Umfundi usebenzisa ifreyimu yokubhala ukuze aqokolele izivakalisi abazibhalayo.Umfundi ubonisa ubuchule bokongeza kwifreyimu yokubhala. | 3 |
| **Umsebenzi: Bhala umhlathi opheleleyo** | Umfundi unezivakalisi ezibhaliweyo, kodwa akayifakanga ezinye izinto ezibalulekileyo kumhlathi. | 1-2 | Umfundi ubhale umhlathi opheleleyo,equka isihloko, isiqu ESINYE kunye nesivakalisi esihwankathelayo. | 3-4 | Umfundi ubhale umhlathi opheleleyo, ekwanaso nesihloko sesivakalisi, ngaphezu kwesiqu ESINYE kunye nesivakalisi esishwankathelayo. | 5-6 |

**Morning Oral Work**

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

**Phonics**

New sound

Sound **thw**

10 min

Phonic Words

umthwalo thwala thwisha thwasa uthwele

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **5**

15 min

**Handwriting**

Handwriting practice

Letter *thw*

15 min

Handwriting Words

imithwalo ukuthwasa

Handwriting Pattern:

*em em em*

Handwriting Sentence:

*UThabisa uthwele umthwalo onzima.*

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **6**

15 min

**Shared Reading**

Second read

15 min

DBE Workbook 1

Title: Masibhale ibali

Page 98

## Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

## Phonics

Own choice

Sound **thw**

10 min

## Group Guided Reading
## Paired / Independent Reading

Group **7**

15 min

## Writing

15 min

**Iinjongo**
Abafundi bafanele ukwazi:
- Ukusebenzisa uhlelo lokubhala
- Ukuhlela imibhalo yabo.

**Izixhobo ezifunekayo:**
Iincwadi zabafundi eziNGOHLAZIYO ZOMHLATHI WENCWADI #1
Umhlathi wakho, obhalwe ebhodini NEEMPAZAMO:Ukufakela oonobumba abakhulu,impazamo ngempawu zombuzo, iimpazamo zopelo.
ITSHEKHLISTI YOKUHLELA, eshicelelweyo lomfundi ngamnye  okanye ebhaliweyo ebhodini.

**Ukuzilungiselela:**
1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bakwiidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kweedesika zabo

**Umfuziselo:**
1. Namhlanje, sizakwenza into eyenziwa ngabahleli. Namhlanje SIZAKUHLELA esikubhalileyo.
2. Xa ababhali BEHLELA, bayakulungisa ukuze ibe ngcono.
3. Namhlanje, sizakufunda esikubhalileyo.
4. Xa sifunda esikubhalileyo, sizakujonga iimpazamo zethu.
5. Sebenzisa UMFUZISELO ukubonisa abafundi ukusetyenziswa kwetshekhlisti yokuhlela kunye nokulungisa iimpazamo zabo.

6. Khumbuza abafundi ukuba ABABHALI BASEBENZISA IZIXHOBO.
7. Sebenzisa UMFUZISELO ukubonisa abafundi ukuba zisetyenziswa njani izixhobo, ezinjengezichazi magama okanye amagama aseludongeni, ukulungisa iimpazamo.

**Imiyalelo Ye-Orali:**
1. NIKA ABAFUNDI IINCWADI ZABO.
2. Cela abafundi ukuba bavule imihlathi yabo.
3. Khumbuza abafundi ukuba bafunde abakubhalayo, kuba ABABHALI BAFUNDA ABAKUBHALILEYO.
4. Xelela abafundi ukuba ngoku, bazakusebenzisa ULUHLU OLUHLELWE NGABAFUNDI ukuHLELA imihlathi yabo.

**Okubhalwayo:**
1. Hamba- hamba ujonge ukuba abafundi bayayifunda na imihlathi yabo kwaye bajonga indlela abangalungisa ngayo iimpazamo zabo.
2. Hamba- hamba eklasini wenze UDLIWANO NDLEBE OLUNCINANE.
3. Xelela abafundi abagqibileyo ukuba BANGONGEZA IINKCUKACHA kwabakubhalileyo- bangongeza ezinye izivakalisi okanye eminye imibuzo.

**ITSHEKHLISTI:**

| | | |
|---|---|---|
| Igama: | | |
| Umhla: | | |
| Ndibajongile oonobumba abakhulu.. | EWE | HAYI |
| Ndiwajongile la magama: | | |
| Ndizijongile iimpawu zombuzo: | EWE | HAYI |
| Ndizilungisile iimpawu zombuzo: | | |
| Ndijonge amagama opelo endiwaziyo. | EWE | HAYI |
| Ndilulungisile upelo lwalamagama: | | |

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**
Group **8**
15 min

**Listening and Speaking**
Poster discussion
UKUNDWENDWELA UMAKHULU
5 min
**Assessment activity**
25 min

Poster Discussion

1. Ucinga ukuba abantwana bazakuzonwabisa njani kwamakhulu? (Bazakudlala nabanye abantwana, bahambahambe , baphulaphule amabali kamakhulu,badlale ngenjana, njl njl.)
2. Ucinga ukuba bangamncedisa njani umakhulu endlini yakhe? (Bakhe amanzi, basebenze egadini yemifuno, ondle inkuku, njl njl.)
3. Ucinga ukuba uhlala nobani umakhulu? Wazi njani le mpendulo? (Utatomkhulu- uhleli everandini. Umzala – unkcenkceshela igadi yemifuno.watering. Umakazi – umile ngaphandle komnyango wangaphambili.)
4. Umakhulu notatomkhulu banezindlu ezimbini- indlu entsha yalamaxesha, kunye norontawuli wengca omdala. Ucinga ukuba bayisebenzisela ukwenzani la ndlu yengca? (nayiphi impendulo efanelekile.)
5. Ingaba uyakuthanda ukundwendwela izihlobo ezihlala kwezinye indawo ezikude? Ngoba? (Nayiphi impendulo efanelekileyo.)

**UMSEBENZI WOKUPHULAPHUA NOKUTHETHA:**
Bonakalisa intetho nkcazelo nge-orali.

**Iinjongo:**
Ekupheleni kwesi sifundo, abafundi bafanele ukwazi:
- Ukubonakalisa intetho nkcazelo – ‘Bonisa kwaye uxele’.
- Ukuphulaphula ngenyameko koogxa bakhe xa besenza intetho.

**Inkcazelo Yesifundo:**

a. Hlalisa abafundi ukuze baphulaphule ngenyameko.
b. Ukuba abafundi bakwiidesika zabo, qinisekisa ukuba iidesika zabo zicocekile.
c. Qinisekisa ukuba abafundi bahleli ngocwangco kwaye bonke bayabona phambili eklasini.
d. Yiba nengxoxo nabafundi apha eklasini ngemiba ebalulekileyo xa uthetha neklasi yonke.
e. Xa kuvela amanqaku abalulekileyo, wabhale phantsi ebhodini. Olu ludwe maluquke:

Imigaqo yentetho nkcazelo ye-orali

- a. Thetha qabavu nangokucacileyo.
- b. Sukuphindaphinda into enye.
- c. Chaza ibali lakho ngokokulandelelana kwalo
- d. Yima ungagungqi.
- e. Jongana ngqo nabantu othetha nabo.
- f. Yenza ukuba ilizwi lakho livakale linike umdla.

f. Cela abafundi abahlukeneyo ukuba beze ngaphambili babonise eminye imigaqo – bangabonakalisa imigaqo ‘emihle’, kunye ‘nemibi’.
g. Okulandelayo, xelela abafundi ukuba bayikhumbule le migaqo ngoba bazakukwenza intetho nkcazelo eklasini.
h. Umfundi ngamnye makeze nento/isixhobo ekhaya, ubabonise eklasini into/isixhobo eso, ubachazele banzi ngaso. Ibizwa ngokuba ‘Bonisa uthethe’.
i. Xelela abafundi ukuba ufuna bathethe ngezinto ezintlanu ngesixhobo/ into leyo bayiphetheyo.
j. Xelela abafundi kwakho ukuba ufuna ukuba basebenzise izichazi xa bethetha ngento/ isixhobo eso.
k. Xelela abafundi ukuba uzakubabonisa oku kule kota.
l. Qinisekisa ukuba unesixhobo/ into osuka ekhaya nayo ozakuthetha ngayo. Uikiwe umzekelo apha ngezantsi:

‘Esi sikhafu sasisesikamakhulu wam. Sinombala omhle opinki, kunye neentaka ezincinci ezilapha kuso. Senziwe ngesilika, sithambile kakhulu. Ndiyakuthanda ukusinxiba kunye nesuti yam ebusika. Ndiyasithanda esi sikhafu ngoba sindikhumbuza umakhulu wam endandimthanda kakhulu.’

m. Phinda intetho nkcazelo kabini, ukhomba izichazi ozisebenzisileyo, ubonisa neendawo ezintlanu ogxininise kuzo.
n. Uzakuba nezifundo ezintathu apho bonke abafundi eklasini bazakwenza intetho nkcazelo yabo.
o. Khumbuza bonke abafundi ukuba baphulaphule ngenyameko xa abanye abafundi besenza intetho nkcazelo.

**Ukumaka:**

1. Sebenzisa le rubriki ilandelayo ukuhlola umntwana ngamnye.
2. Bhala iziphumo zabo kwincwadi yokurekhodisha.
3. Okunye, bhala izinto ezixhalabisayo ngokuphulaphula nokuthetha komfundi ngamnye.

| Inqanaba lokuhlola | Usebenza ngokungekanelisi | | Usebenza ngokwanelisayo | | Usebenza ngokugqwesileyo | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| **Amanqaku ama 5** | Umfundi wenze amanqaku 3 okanye amancinci ngento/isixhobo. | 1-2 | Umfundi wenze amanqaku 4 ngento/ ngesixhobo eso. | 3-4 | Umfundi wenze amanqaku 5 ngento/ ngesixhobo eso. | 5-6 |
| **Ukusetyenziswa kwamagama azizichazi.** | Umfundi akasebenzisi amagama azizichazi ukuthetha ngesixhobo/into yakhe. | 0 | Umfundi usebenzise amagama azizichazi ukuthetha ngesixhobo/into yakhe, kodwa azisetyenziswanga ngendlela eyiyo. | 1 | Umfundi uwasebenzise ngendlela eyiyo amagama azizichazi, nenika umdla xa echaza into/ isixhobo. | 2 |
| **Izakhono zokuthetha gabalala** | Umfundi ulandela kuphela ukusuka 1 – 3 yemigaqo. | 0 | Umfundi ulandela kuphela ukusuka 4 yemigaqo . | 1 | Umfundi ulandela kuphela ukusuka 5- 6. | 2 |

**QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubafundi bonke eklasini yakho.** Esi sisifundo 1 kwezi 4.

| 1 | 2 | 3 | 4 |
|---|---|---|---|

**Morning Oral Work**

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

**Phonics**

Spelling test

Sound **ntw, thw**

20 min

| Spelling Test | Date: |
|---|---|
| 1. umntwana | 6. umthwalo |
| 2. intwana | 7. thwala |
| 3. intwaso | 8. thwisha |
| 4. abantwana | 9. thwasa |
| 5. intwala | 10. uthwele |

**Dictation Sentence**

Iintwala azifuneki ebantwaneni besikolo kufuneka bachebe okanye bathwale umnqwazi.

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **9**

15 min

**Writing**

DBE workbook

15 min

Incwadi Yokusebenzela
Yoku-1 YeDBE
Amaphepha: 76,77

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **10**

15 min

**Listening and Speaking**

Rhyme, song or game

5 min

**Assessment activity**

10 min

**QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubo bonke abafundi eklasini yakho.** Esi sisifundo 2 kwezi 4.

| 1 | 2 | 3 | 4 |
|---|---|---|---|

**Shared Reading**

Post read

15 min

DBE Workbook 1

Title: Masibhale ibali

Page 98

| COMPREHENSION: |
|---|
| **Questions** |
| Wayebukele ntoni ngasemlanjeni? |
| Zazisenzani ezinye iindlovu ezimbini? |
| Chaza isele elabonwayo. |
| Bekutheni ukuze asikeke esandleni? |
| Sesiphi isihloko esifanelekileyo seli bali? |
| **Answers** |
| Wayebukele iindlovu zisela amanzi. |
| Zazisilwa ngemiboko yazo. |
| Liluhlaza kwaye luncinane. |
| Ebeleqa isele, watyibilika wawela emseleni. |
| Nasiphi na isihloko esifanelekileyo. |

**Morning Oral Work**

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

**Phonics**

New sound
Spelling words

Sound **ntyw**

10 min

Phonic Words

intywenka ntywila umntywili intyatyambo ityobokile

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **1**

15 min

**Handwriting**

Handwriting practice

Letter *ntyw*

30 min

Handwriting Words

ukuntywila intywenka

Handwriting Pattern:

*et et et*

Handwriting Sentence:

*Ufake intywenka yemali ebhankini.*

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **2**

15 min

**Shared Reading**

Pre-read

15 min

Look And Say Words

endimthandayo ngexesha imigaqo ndasebenzisa bekumnyama

**Morning Oral Work**

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

**Phonics**

DBE workbook

Sound **ntyw**

10 min

Incwadi Yokusebenzela Yoku-1
YeDBE
Amaphepha: 113,126

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **3**

15 min

**Writing**

30 min

**Iingcinga**
Abafundi bafanele ukwazi:
- Ukubhala uhlalutyo olulula lwencwadi

**Izixhobo Ezifunekayo:**
Ibhodi netshokhwe
Iincwadi neepensile zabafundi

**Ukuzilungiselela:**
1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi basezidesikeni zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kweedesika.

Umhlathi #2
Into endiyithandayo ngeli bali: (izivakalisi ezi 2-3)

Into endingayithandanga ngeli bali: (izivakalisi ezi 2-3)

Uvakalelo lwam ngeli bali: (izivakalisi ezi 2-3)

Bendinga / bendingenokucebisa umhlobo wam ngeli bali kuba ________

**Umfuziselo:**
1. Xelela abafundi ukuba namhlanje, bazakubhala umhlathi wesibini WOHLALUTYO LWENCWADI / LWERIVYU.
2. Cacisa ukuba namhlanje, abafundi bazakuqhubekeka ngencwadi abayikhethe kwiveki ephelileyo.
3. Sebenzisa UMFUZISELO ukubonisa abafundi indlela

yokusebenzisa ifreyimu ukubhala umhlathi.

4. Khumbuza abafundi ukuba umhlathi UNESIVAKALISI ESIYINTLOKO, ISIQU, kwakunye NESIVAKALISI ESIQOSHELISAYO.
5. Sebenzisa UMFUZISELO ukukhumbuza abafundi ukuba ABABHALI BASEBENZISA IZIXHOBO NOKUBIZA AMAGAMA NGOKUCOTHA NJENGOFUDO BAZE BABHALE ZONKE IZANDI ABAZIVAYO xa befuna ukubhala igama elitsha.
6. Cacisa ukuba kufuneka babhale ULUVO lwabo malunga nencwadi.
7. Cacisa ukuba uluvo yinto OYICINGAYO – akukho mpendulo ichanekileyo. Kulungile xa bethetha ngezinto ezingafanelekanga ngencwadi.

**Imiyalelo Ye - Orali:**

1. Yithi: Ngoku lithuba lenu lokubhala imihlathi yenu.
2. Cela abafundi bacinge ngencwadi abazakubhala ngayo kuba ABABHALI BAYACINGA PHAMBI KOKUBA BABHALE.
3. NIKA ABAFUNDI IINCWADI ZABO.
4. Cela abafundi batyhile apho babhale khona umhlathi wabo wokuqala.
5. Hamba hamba eklasini uqinisekise ukuba abafundi batyhile kwiphepha elililo.
6. Yalela abafundi bafunde umhlathi wabo wokuqala, kuba ABABHALI BAYAYIFUNDA IMIBHALO YABO.
7. Nika abafundi imibuzo emi 3-5 yokufunda.

**Okubhalwayo:**

1. Xelela abafundi baqale ukubhala imihlathi yabo yesibini kwelo phepha bebebhale kulo umhlathi wokuqala.
2. Khumbuza abafundi basebenzise ifreyimu yokubhala.
3. Khumbuza abafundi babhale umhlathi opheleleyo.
4. Hamba hamba eklasini wenze UDLIWANO NDLEBE OLUNCINANE
5. Xa uhamba hamba, KHUTHAZA ABAFUNDI. Eyona nto ibalulekileyo xa kubhalwa, kukhwakha ukuzithemba kubafundi. Mabakufumane kulula ukubeka usiba ephepheni.
6. Ekupheleni kwesifundo, qokelela iincwadi zabafundi.

**Ukumaka:**

1. Nika abafundi ingxelo eyakhayo kwiincwadi zabo. Ingaba ziinkwenkwezi, ubuso obuncumileyo, okanye igama :Kuyancomeka!
2. Sebenzisa irubhrikhi elandelayo ukuhlola umfundi ngamnye.
3. Bhala iziphumo zokuhlola kwincwadi yokuhlola.
4. Kwaye,phawula ngenkxalabo onayo ngesakhono

sokubhala somfundi.

| Inqanaba Lokuhlola | Usebenza ngokungekanelisi | | Usebenza ngokwanelisayo | | Usebenza ngokugqwesileyo | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| **Umsebenzi: Ukukhetha kwakunye nokuchaza incwadi.** | Umfundi akayikhethi incwadi, okanye umfundi akachazi ncwadi. | 0 | Umfundi ukhetha incwadi eklasini kwaye umhlathi wakhe ungqale kule ncwadi. | 1 | | |
| **Umsebenzi: Ukusebenzisa ifreyimu yokubhala** | Umfundi akayisebenzisi ifreyimu yokubhala, OKANYE ushiyelela ezinye iindawo. | 1 | Umfundi usebenzisa ifreyimu yokubhala ukulungisa izivakalisi ezibhaliweyo. | 2 | Umfundi usebenzisa ifreyimu yokubhala ukulungisa izivakalisi ezibhaliweyo. Umfundi ubonakalisa ubuchule obufakelwa kwifreyimu yokubhala. | 3 |
| **Umsebenzi: Ukubhala umhlathi opheleleyo** | Umfundi ubhale izivakalisi, kodwa akafakelanga iimfuneko zomhlathi. | 1-2 | Umfundi ubhale umhlathi opheleleyo, onesivakalisi esiyintloko, isivakalisi sesiqu ESINYE nesivakalisi esiqoshelisayo. | 3-4 | Umfundi ubhale umhlathi opheleleyo, onesivakalisi esiyintloko, izivakalisi zesiqu ezingaphezulu KWESINYE nesivakalisi esiqoshelisayo. | 5-6 |

**Morning Oral Work**

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

**Phonics**
Own choice
Sound **ntyw**
10 min

Phonic Words

ityuwa ityebile isityebi iyantyontya tyabeka

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**
Group **5**
15 min

**Handwriting**
Handwriting practice
Letter *ntyw*
15 min

Handwriting Words

intyatyambo ukuntyontya

Handwriting Pattern:

*me me me*

Handwriting Sentence:
*Unentywenka yemali ebhankini.*

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**
Group **6**
15 min

**Shared Reading**
Second read
15 min

DBE Workbook 1
Title: EGold Reef City.
Page 90

## Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

## Phonics

Own choice

Sound **tyw**

10 min

## Group Guided Reading
## Paired / Independent Reading

Group **7**

15 min

## Writing

15 min

**Iinjongo**
Abafundi bafanele ukwazi:
1. Ukusebenzisa inkqubo elandelwayo yokubhala
2. Ukuhlela eyabo imibhalo

**Izixhobo Ezifunekayo:**
Iincwadi zabafundi eziNOMHLATHI #2 WOHLALUTYO LEENCWADI.
Umhlathi wakho, ubhalwe ebhodini NEEMPAZAMO EZI 3 : Impazamo yokusetyenziswa koonobumba abakhulu, impazamo yokusetyenziswa kweempawu zokubhala, impazamo yopelo.
ITSHEKHLISTI YOKUZIHLELA, icishelelelwe umfundi ngamnye okanye ibhalwe ebhodini.

**Ukuzilungiselela:**
1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bahleli kwiidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kweedesika zabo.

**Umfuziselo:**
1. Namhlanje, sizakwenza into eyenziwa ngababhali. Namhlanje SIZAKUHLELA imibhalo yethu.
2. Xa ababhali BEHLELA, balungisa imibhalo yabo ibe ngcono.
3. Namhlanje, sizakufunda imibhalo yethu.
4. Xa sifunda imibhalo yethu, sikhangela iimpazamo zethu.

5. Sebenzisa UMFUZISELO ukubonisa abafundi indlela yokusebenzisa ITSHEKHLISTI YOKUZIHLELA uze ulungise iimpazamo.
6. Khumbuza abafundi ukuba ABABHALI BASEBENZISA IZIXHOBO.
7. Sebenzisa UMFUZISELO ukubonisa abafundi indlela yokusebenzisa izixhobo, ezinje ngesichazi magama, okanye amagama aseludongeni, ukulungisa iimpazamo.

**Imiyalelo Ye-Orali:**
1. NIKA ABAFUNDI IINCWADI ZABO.
2. Cela abafundi batyhile apho babhale imihlathi khona.
3. Khumbuza abafundi bafunde imibhalo yabo, kuba ABABHALI BAYAYIFUNDA IMIBHALO YABO.
4. Xelela abafundi ukuba ngoku, baza kusebenzisa ITSHEKHLISTI YOKUHLELA imihlathi yabo.

**Okubhalwayo:**
1. Hamba hamba eklasini ukhangele ukuba abafundi bafunda imihlathi yabo na kwaye bazama iindlela zokulungisa iimpazamo zabo.
2. Hamba hamba eklasini wenze UDLIWANO NDLEBE.
3. Xelela abafundi abagqibileyo ukuba BAFAKELE IINKCUKACHA kwimibhalo yabo – bangafakela ezinye izivakalisi okanye eminye imibuzo.

**ITSHEKHLISTI:**

| Igama:<br><br>Umhla: | | |
|---|---|---|
| Ndikhangelisise oonobumba abakhulu. | EWE | HAYI |
| Ndilungise la magama. | EWE | HAYI |
| Ndikhangelisise iimpawu zokubhala. | EWE | HAYI |
| Ndilungise iimpawu zokubhala. | EWE | HAYI |

**Morning Oral Work**

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

**Phonics**

Spelling test

Sound **ntyw**

20 min

| Spelling Test | Date: |
|---|---|
| intywenka | ityuwa |
| ntywila | ityebile |
| umntywili | isityebi |
| intyatyambo | iyantyontya |
| ityobokile | tyabeka |

**Dictation Sentence**

Umntywili uthenge iintyatyambo ngentywenka yemali ayinikwe sisityebi esineshishini.

**Group Guided Reading**

**Paired / Independent Reading**

Group **9**

15 min

**Writing**

DBE workbook

15 min

Incwadi Yokusebenzela
Yoku-1 YeDBE
Amaphepha: 80,81, 83
ezantsi.

**Group Guided Reading**

**Paired / Independent Reading**

Group **10**

15 min

## Listening and Speaking

Rhyme, song or game

5 min

Assessment activity

10 min

**QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubo bonke abafundi eklasini yakho.** Esi sisifundo 4 kwezi 4.

| 1 | 2 | 3 | 4 |
|---|---|---|---|

## Shared Reading

Post read

15 min

DBE Workbook 1
Title: EGold Reef City.
Page 90

| COMPREHENSION: |
|---|
| **Questions** |
| Yintoni ebonwe nguBongi ekuqaleni kolu hambo? |
| Yintoni eyenziwe nguBongi ekugqibeleni eGold Reef City? |
| Yintoni ebangela ukuba imayini ibemnyama? |
| Ibe yintoni isiphumo sonojikeleza kuBongi – umenze wathini? |
| |
| **Answers** |
| Soccer City |
| Bakhwela unojikeleza omibalabala. |
| Kuba ingaphantsi komhlaba. |
| Ukhalile /screamed. |
| |

**Morning Oral Work**

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

**Phonics**

New sound
Spelling words

Sound **ngc**

10 min

Phonic Words

ingca iingceba ingcungcu ingcolile ingcono

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **1**

15 min

**Handwriting**

Handwriting practice

Letter *ngc*

30 min

Handwriting Words

ingcungcu ukungcolisa

Handwriting Pattern:

*no no no*

Handwriting Sentence:

*Ndibone iingceba zeglasi engceni.*

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **2**

15 min

**Shared Reading**

Pre-read

15 min

Look And Say Words

kudaladala wavuthuza kwagoba ndinamandla
yaqhobosha ndiphumelele

**Morning Oral Work**

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

**Phonics**

DBE workbook

Sound **ngc**

10 min

Incwadi Yokusebenzela Yoku-1
YeDBE
Iphepha: 121

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **3**

15 min

**Writing**

30 min

**Iinjongo**
Abafundi bafanele ukwazi:
- Ukubhala imihlathi emibini enezivakalisi ezilishumi ubuncinane
- Ukusebenzisa inkqubo elandelwayo yokubhala
- Ukubhala uhlalutyo olulula lwencwadi

**Izixhobo Ezifunekayo:**
Ibhodi netshokhwe
Iincwadi zabafundi ezinemihlathi neetshekhlisti zokuhlela
Iphepha elihamba lodwa lomfundi ngamnye (lingathathwa kwiincwadi zabafundi) kwakunye neekhrayoni

**Ukuzilungiselela:**
1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bakwiidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kwazo.
3. Bhala le freyimu ilandelayo yokubhala ebhodini:

Uhlalutyo lwencwadi (isihloko sencwadi oyikhethileyo)
Ngu _____________

Umhlathi #1
Isishwankathelo sencwadi

Umhlathi #2
Ndizive njani ngale ncwadi?

**Umfuziselo:**
1. Xelela abafundi ukuba namhlanje, bazakuPAPASHA

imibhalo yabo kwincwadi yeklasi: Uhlalutyo lwencwadi yethu
2. Sebenzisa UMFUZISELO ukubonisa abafundi indlela yokupapasha imihlathi yabo ibe ngumbhalo omnye.
3. Sebenzisa UMFUZISELO ukubonisa abafundi ukuba uzakufakela UMFANEKISO webali.
4. Cacisa ukuba abafundi bazakubhala imiyalezo yabo baqinisekise ukuba icocekile.

**Imiyalelo Ye-Orali:**
1. Yithi: Ngoku lixesha lokwenza elakho iphepha lencwadi.
2. NIKA ABAFUNDI IINCWADI ZABO
3. Cela abafundi batyhile apho babhale khona imihlathi abayihlelileyo.
4. NIKA ABAFUNDI AMAPHEPHA AHAMBA ODWA
5. Cacisa ukuba umfundi ngamnye uzakusebenzisa eli phepha libe likhasi labo lencwadi.

**Okubhalwayo:**
1. Xelela abafundi ukuba baqale ukubhala uhlalutyo lweencwadi.
2. Khumbuza abafundi bafakele umfanekiso.
3. Hamba hamba eklasini wenze UDLIWANO NDLEBE.
4. Ngelixa uhamba - hamba, KHUTHAZA ABAFUNDI. Eyona nto ibalulekileyo xa kubhalwa, kukwakha ukuzithemba kubafundi. Mabakufumane kulula ukubeka usiba ephepheni.

Qokelela amaphepha encwadi. UNGAWADIBANISI ABEYINCWADI DE ABAFUNDI BABE BAWASEBENZISILE KWISIFUNDO SANGOLWESINE

**Ukumaka:**
1. Nika abafundi ingxelo eyakhayo kwiincwadi zabo. Ingaba ziinkwenkwezi, ubuso obuncumileyo, okanye igama :Kuyancomeka!
2. Sebenzisa irubhrikhi elandelayo ukuhlola umfundi ngamnye.
3. Bhala iziphumo zokuhlola kwincwadi yokuhlola.
4. Kwaye,phawula ngenkxalabo onayo ngesakhono sokubhala somfundi

| Inqanaba Lokuhlola | Usebenza ngokungekanelisi | | Usebenza ngokwanelisayo | | Usebenza ngokugqwesileyo | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| **Umsebenzi: Ukufakela umfanekiso webali** | Umfundi akafakeli umfanekiso OKANYE umfanekiso awuhambelani nebali elikhethiweyo. | 0 | Umfundi ufakela umfanekiso obonisa into kwibali ababhale ngalo. | 1 | | |
| **Umsebenzi: Ukupapasha umsebenzi** | Umfundi ushiya iimpazamo ezininzi kumbhalo wakhe. | 1-2 | Ubhala imihlathi emibini ngokucocekileyo, elungisa zonke iimpazamo ezichongwe kwitshekhlisti yokuhlela. Umfundi ufakela umhlathi. | 3-4 | Ubhala imihlathi emibini ngococeko, elungisa zonke iimpazamo ezifumaneke kwitshekhlisti yokuzihlola. Umfundi ufakela isihloko. Umfundi ufakela iinkcukacha okanye izivakalisi ezenza imihlathi iqondakale ngcono. | 5-6 |
| **Umsebenzi: Ukufundela umlingane umbhalo (LWESINE)** | Uyala ukufundela umlingane umbhalo wakhe/ akaphulaphuli xa umlingane emfundela. | 1 | Ufundela umlingane umbhalo aze aphulaphule xa umlingane emfundela. | 2 | Ufundela umlingane umbhalo ngotyibiliko. Ubonakalisa ubuchule bokuphulaphula ngokuthi abuze imibuzo aze avakalise nezimvo zakhe. | 3 |

**Morning Oral Work**

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

**Phonics**

New sound

Sound **njw**

10 min

Phonic Words

khonjwa banjwa hlanjwa Njwaxa thinjwa

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **5**

15 min

**Handwriting**

Handwriting practice

Letter *njw*

15 min

Handwriting Words

ukuthenjwa ukubanjwa

Handwriting Pattern:

*om om om*

Handwriting Sentence:

*Izakuhlanjwa ngu Thenjiwe loo mpahla.*

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **6**

15 min

**Shared Reading**

Second read

15 min

DBE Workbook 1

Title: Ilanga kunye nomoya

Page 112

## Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

## Phonics

DBE workbook

Sound **njw**

10 min

## Group Guided Reading
## Paired / Independent Reading

Group **7**

15 min

## Writing

15 min

**Iinjongo**
Abafundi bafanele ukwazi:
- Ukufundela umlingane okubhaliweyo

**Izixhobo Ezifunekayo:**
Amaphepha ayidrafti yokugqibela yohlalutyo ncwadi okulula okwenziwe ngabafundi

**Ukuzilungiselela:**
1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bahleli kwiidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kwazo.

**Imiyalelo Ye- Orali:**
1. Cacisa ukuba ABAFUNDI BAYAYIFUNDA IMIBHALO YABO.
2. Cacisa ukuba namhlanje, abafundi baza KUJIKA BAZE BATHETHE (ukuba abafundi bakho basafuna ukukhunjuzwa ngendlela YOKUJIKA BAZE BATHETHE, yenza UMFUZISELO ngokukhawuleza ubakhumbuze ngendlela eyiyo.)
3. Cacisa ukuba namhlanje, abafundi bazakufundela umlingane wabo irivyu yencwadi / uhlalutyo lwencwadi .
4. NIKA ABAFUNDI AMAPHEPHA ENCWADI abawenzileyo.
5. Xelela abafundi ukuba ngoku, bazakufundela abantu abahleli ecaleni kwabo uhlalutyo lwencwadi.
6. Cacisa ukuba abafundi BAZAKUJIKA BATHETHE nom-

ntu ohleli ecaleni kwabo.

7. Chaza ukuba abafundi bangababuza abalingane babo imibuzo abanayo ngencwadi abayikhethileyo.
8. Njengokuba abafundi BEJIKA BETHETHA, hamba hamba eklasini. Phulaphula kwinto ethethwa ngabafundi uze ubuze imibuzo.
9. Qokelela amaphepha encwadi leyo uze uwahlanganise abayincwadi enye. Beka incwadi apho izakufunyanwa lula ngabafundi.

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**
Group **8**
15 min

**Listening and Speaking**
Poster discussion
UKUNDWENDWELA
UMAKHULU
5 min
**Assessment activity**
25 min

## Poster Discussion

1. Unjani umbala wetekisi? (umthubi)
2. Yeyiphi imibala oyibona xa kutshona ilanga? (ubomvu, umthubi, u-orenji, upinki, ungwevu)
3. Chaza ukutshona kwelanga – sinjani isibhakabhaka xa usijongile? (Nayiphi na impendulo efanelekileyo.)
4. Bekunjani xa kutshona ilanga / emalanga kowenu izolo? (Nayiphi na impendulo echanekileyo.)
5. Ucinga ukuba isibhakabhaka sikhangeleka sisihle nini? Ngoba? (Nayiphi na impendulo efanelekileyo.)

**UMSEBENZI WOKUPHULAPHUA NOKUTHETHA:**
Uphulaphule ibali ixesha elide ulonwabele.Ukuveza imvakalelo ngebali unike izizathu ngeempendulo.

**Injongo:**
Ekupheleni kwesi sifundo, abafundi bafanele ukwazi:
- Ukuphulaphula ibali ixesha elide bonwabile.
- Ukubonisa iimvakalelo ngebali banike izizathu ngeempendulo.

**Inkcazelo Yesifundo:**
a. Hlalisa abafundi ukuze baphulaphule ngenyameko.
b. Ukuba abafundi bakwiidesika zabo, qinisekisa ukuba iidesika zabo zicocekile.
c. Qinisekisa ukuba abafundi bahleli ngocwangco kwaye bonke bayabona phambili eklasini.
d. Xelela abafundi ukuba uzakubafundela ibali, ke mabaphulaphule ngenyameko kuba uzakubuza imibuzo ngebali elo.

e. Funda ibali ngokucacileyo,qabavu, ngelizwi elivakalayo.

“Mama, ndingamphathela ntoni umakhulu njengesipho?” ndibuze umama.
“Mntanam, akukho mfuneko yokuba simphathele kwanto umakhulu! Ukuya kuye siyokumbona kusisipho esoneleyo kuye.”
“Kodwa, Mama, undenzela okuninzi; Ndifuna ukumenzela into nam!” Ndimxelele umama.
“Owu, ndiqinisekile ukuba ikhona into ongamenzela yona. Akukho mfuneko yokuba umphathele isipho. Ngaphandle koko, siyahamba ngomso kwaye andinalo ixesha ngoku lokuyokuthenga isipho,” utshilo umama ngelizwi elingqongqo.
Ndalusizi, kuba bendithanda ukuphathela umakhulu isipho, kodwa ndandivuyile kuba sasisiya kumakhulu ngemini elandelayo.

Ngemini elandelayo, sabamba itekisi ukuya kuloo dolophana incinci ekufutshane nomakhulu. Sehla etekisini ekugqibeleni, safika. Ndandidiniwe. Umakhulu wasikhawulela wasibulisa. Ebesiphekele isidlo esimnandi inyama yenkukhu nepapa. Ndatya ukutya kwam ndayolala ebedini, ndidiniwe kodwa ndinovuyo.

Ngosuku olulandelayo ndavuka ekuseni. Ndahamba nomakhulu ukuya kukhangela onke amaqanda abekwe ziinkukhu ngephezolo. Emva koko sayakulanda inkomo. Ndikhumbula ukuqala kwam ukubona umakhulu esenga inkomo- andizange ndikholelwe ukuba ubisi luphuma apho! Bendisoloko ndicinga ukuba lwenziwa kwifektri ukuze luze sele lusemakhalibhothini.

Ngemini elandelayo umakhulu wandithabatha ngesandla saya kwisitiya sakhe. Wagoba wachola into encinci eluhlaza. “Wenza ntoni makhulu?” ndambuza.
“Ndichola iiertyisi, ntomba’aml! Ukwenzela isidlo sethu sangokuhlwa.Ungandincedisa!” waphendula.
“Iiertyisi! Makhulu, ziza zisetotini, okanye kwiipakhethi!” ndiyakwazi oku, kuba ngelinye ixesha umama uthenga iiertyisi ezikwisibandisi eShoprite.
“Hayi, sithandwa sam- le yindlela ezikhula ngayo iiertyisi. “ Jonga, lo mdumba, kukho iiertyisi ezincinci ngaphakathi. Kwaye zimnandi ziyanambhitheka. Siza kukha ezinye sibenexesha lokuzikhupha kwimidumba (pod) phambi kwesidlo sangokuhlwa.”Ndazinambitha ngenene bezimnandi zinambitheka. Ndifunde into ethile kumakhulu.

Emveni kokukha iiertyisi, wathi umakhulu, “Masiphindele endlwini siyokutya isidlo sakusa.”Sahamba saya endlwini, sibambene ngezandla siphethe ipakethi yee-ertyisi esizikhileyo.

Xa sifika endlwini ndeva isandi esikhulu, ilizwi lentaka. “Yintoni, makhulu?”Ndabuza.
“LEYO” waphendula, “ngulo nomyayi (cellphone) endiwuphiwe ngumalume wakho! andikwazi ukuwusebenzisa.amaqhosha amaninzi, andazi ndicofe liphi ! Uyandidida.”

Umakhulu wam unonomyayi! Andikholwa. Ndazi konke ngonomyayi! Abazali bam bandinika wona kunyaka ophelileyo ngosuku lwam lokuzalwa. “Makhulu, ndizakubonisa ukuba usetyenziswa njani!”

Ngoko, emveni kwesidlo sakusasa, sahlala phantsi ndabonisa umakhulu ukuba usebenza njani unomyayi.Ndambonisa kaninzi-ninzi wade wawazi. Ndambonisa ukugcina inombolo yam, ndambonisa ukwenza umlayezo (message)

NgeCawe, sabuyela eRhawutini. Endleleni ndafumana umlayezo kunomyayi wam. “Ndiyabulela ngokundifundisa ukusebenzisa unomyayi- sisipho esikhulu ondiphe sona.

f. Okulandelayo, cacisa lo msebenzi kubafundi.
g. Abafundi mabagqibezele umsebenzi kwincwadi zabo zokubhala.
h. Xelela abafundi ukuba bazakuzoba umfanekiso ngento eyenzeke ebalini. Umfanekiso mawubonise ngokucacileyo iziganeko zebali. Umfanekiso mawuzotywe ngokucacileyo kwaye ufakele imibala kakuhle.
i. Xa abafundi begqibile ukuzoba, babize beze etafileni yakho nencwadi zabo (Nokuba abayigqibanga imifanekiso okanye ufakele imibala – eyona nto ibalulekileyo ufuna ukuba abafundi bachaze banzi ngomfanekiso.)
j. Buza umfundi ngamnye le mibuzo elandelayo:
   a. Ungantoni umfanekiso wakho? (ukuhlola ukuba umfanekiso unento yokwenza nebali.)
   b. Yintoni oyithandileyo ngeli bali? Ngoba?
   c. Yintoni ongayithandanga ngeli bali? Ngoba?

**Ukumaka:**
a. Sebenzisa le rubriki ilandelayo ukuhlola umntwana ngamnye.
b. Bhala iziphumo zabo kwincwadi yokuhlola.
c. Okunye, bhala izinto ezixhalabisayo ngokuphulaphula nokuthetha komfundi ngamnye.

| Inqanaba lokuhlola | Usebenza ngokungekanelisi | | Usebenza ngokwanelisayo | | Usebenza ngokugqwesileyo | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| **Ukuqonda ibali** | Umzobo womfundi awubhekiselelanga ebalini. | 1 | Umzobo womfundi ubhekiselele ebalini kodwa iinkcukacha azikho. | 2 | Umzobo womfundi ubhekiselele ebalini ukwanazo neenkcukacha. | 3 |
| **Ukuveza iimvakalelo ngebali** | Umfundi akakwazi ukuveza iimvakalelo zakhe. | 1 | Umfundi uveza iimvakalelo kungaba zezilungileyo okanye ezingalunganga ngebali. | 2 | Umfundi uveza iimvakalelo ezilungileyo okanye ezingalulanga ngebali. | 3 |
| **Nika izizathu Zempendulo** | Umfundi akaniki zizathu ngempendulo yakhe , okanye izizathu ezinikiweyo azivakali. | 0 | Umfundi unika izizathu ezilula ngempendulo yakhe. | 1-2 | Umfundi unika izizathu ezivakalayo nezinka umdla ezibhekiselele kwimpendulo yakhe. | 3-4 |

**QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubafundi bonke eklasini yakho.** Esi sisifundo 1 kwezi 4.

| 1 | 2 | 3 | 4 |
|---|---|---|---|

## Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

## Phonics

**Spelling test**

Sound **ngc, njw**

20 min

| Spelling Test | Date: |
|---|---|
| 1. ingca | 6. khonjwa |
| 2. iingceba | 7. banjwa |
| 3. ingcungcu | 8. hlanjwa |
| 4. ingcolile | 9. Njwaxa |
| 5. ingcono | 10. thinjwa |

**Dictation Sentence**

Amabanjwa aseNjwaxa akhonjwe ngamapolisa aze athinjelwa imfuyo yabo.

## Group Guided Reading Paired / Independent Reading

Group **9**

15 min

## Writing

**DBE workbook**

15 min

Incwadi Yokusebenzela Yoku-1 YeDBE
Amaphepha: 84,85, 87 ezantsi.

## Group Guided Reading Paired / Independent Reading

Group **10**

15 min

## Listening and Speaking

Rhyme, song or game

5 min

Assessment activity

10 min

**QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubo bonke abafundi eklasini yakho.** Esi sisifundo 2 kwezi 4.

| 1 | 2 | 3 | 4 |
|---|---|---|---|

## Shared Reading

Post read

15 min

DBE Workbook 1

Title: Ilanga kunye nomoya

Page 112

| COMPREHENSION: |
|---|
| **Questions** |
| Ngoobani abalinganiswa abaphambili kweli bali? |
| Kwenzeka ntoni xa umoya uvuthuza? |
| Kwenzeka ntoni xa ilanga likhanya? |
| Kwakuzophumelela bani xa imvula ingenela olu khuphiswano? |
| Tshintsha esi sivakalisi sibe kwixesha eladlulayo: “Ndiyagodola kwaye ndiphumelele”. |
| **Answers** |
| Lilanga nomoya. |
| Kwagoba imithi, kwashukuma iifesitile. |
| Lavela lancuma yonke into yafudumala, kwashushu. |
| Umfundi ngamnye makanike impendulo nesizathu esifanelekileyo. |
| “Ndandigodola kwaye ndaphumelela”. |

**Morning Oral Work**

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

**Phonics**

New sound
Spelling words

Sound **nkx**

10 min

Phonic Words

inkonkxa inkxaso nkxu nxa inxele

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **1**

15 min

**Handwriting**

Handwriting practice

Letter *nkx*

30 min

Handwriting Words

nkxu inkxaso

Handwriting Pattern:



Handwriting Sentence:

*Beka inkonkxa ngasekunxele.*

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **2**

15 min

**Shared Reading**

Pre-read

15 min

Look And Say Words

endimthandayo ingqondo oonojubalala ekonisathini

**Morning Oral Work**

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

**Phonics**

DBE workbook

Sound **nkx**

10 min

Incwadi Yokusebenzela Yoku-1
YeDBE
Iphepha: 121

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **3**

15 min

**Writing**

30 min

**Iinjongo**
Abafundi bafanele ukwazi:
- Ukuba negalelo ngezimvo namagama xa bebhala beyiklasi
- Ukuphulaphula kwizimvo zabanye abafundi

**Izixhobo Ezifunekayo:**
Ipowusta: Ngaphantsi Kolwandle
Itshati yebali

**Ukuzilungiselela:**
1. Xhoma ipowusta apho izakubonwa ngabo bonke abafundi.
2. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
3. Ukuba abafundi bakwiidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kwazo.

**Umfuziselo:**
1. Xelela abafundi: Namhlanje sizakuphulaphula size siyile ibali ngale powusta.
2. Cacisela abafundi ukuba namhlanje, iklasi izakucinga ngebali ELINGEYONYANI/ INTSOMI.
3. Balisa ukuba ibali ELINGEYONYANI / INTSOMI, alinanyani – libali elinabantu neziganeko ezicingwe nje.
4. Cacisa ukuba namhlanje, iklasi izakubhala ibali ngokwenzeke kwipowusta. Namhlanje abafundi bazakuziqhelanisa nokusebenzisa IINGCINGA zabo / UMFANEKISO NGQONDWENI xa beyila ibali.

**Ingxoxo Ye-Orali:**

1. Xelela abafundi : Sizakuyila ibali xa  sisonke ngento eyenzeka kwipowusta.
2. Cacisa ukuba namhlanje, uzakubhala ngengxaki eyenzekileyo kwakunye nesisombululo.
3. Cacisa ukuba namhlanje, sizakukhetha into esizakubhala ngayo kwipowusta engengobantu.
4. Khumbuza abafundi ukuba kufuneka baphakamise izandla zabo xa ilixesha labo lokuthetha.
5. Buza abafundi: Sesiphi isilo esinokubhala ngaso?
6. Phula phula kwiimpendulo zabafundi.
7. Khetha into eninokubhala ngayo, nabafundi. Umzekelo: intlanzi ebunkwenkwezi.
8. Thathani isigqibo ngesivakalisi esichaza le ntlanzi, ngolu hlobo: Kudala dala, intlanzi epinki yayihlala elwandle.
9. KRWELELA UMGCA IGAMA NGALINYE.
10. Sebenzisa UMFUZISELO ukubonisa abafundi indlela ocinga ngayo ngesigaba ngasinye sesivakalisi.
11. Cacisa ukuba kufuneka kulandele ingxaki ezakufunyanwa yintlanzi ebunkwenkwezi.
12. Cela abafundi bacinge ngengxaki eyayinokufunyanwa yintlanzi ebunkwenkwezi.
13. Vumela abafundi banikele ngezimvo zabo.
14. Thatha isigqibo ngezivakalisi zesiqu ezintathu. Umzekelo: Intlanzi  ebunkwenkwezi encinane yayisiya esikolweni. Iliza elikhulu lafika layikhupha endleleni. Yalahleka. Biza izivakalisi ngokuvakalayo.
15. KRWELELA UMGCA IGAMA NGALINYE.
16. Sebenzisa UMFUZISELO ukubonisa indlela ocinga ngayo ngesigaba ngasinye sesivakalisi.
17. Funda izivakalisi ngokuvakalayo.
18. Cacisa ukuba okulandelayo, abafundi baza kuncedisa ngokucinga. Ngecebo lokusombulula ingxaki leyo.
19. Buza abafundi: Singayintoni isiphelo seli bali? Isonjululwa njani le ngxaki?
20. Vumela abafundi banikele ngezimvo zabo.
21. Cinga ngezivakalisi ezisombulula ingxaki. Umzekelo: Intlanzi ebunkwenkwezi yayikhala. Ufudo lolwandle lwafika. Lathatha intlanzi layigodusa. Yitsho isivakalisi ngokuvakalayo.
22. KRWELELA UMGCA IGAMA NGALINYE.
23. Sebenzisa UMFUZISELO ukubonisa indlela ocinga ngayo ngesigaba ngasinye sezivakalisi.
24. Xa ugqibile, fundani umhlathi wonke ninonke niyiklasi.
25. Khumbuza abafundi ukuba ABABHALI BAYAYIFUNDA IMIBHALO YABO.
26. Bancome abafundi ngendlela abathe bayila ibali ngayo.
27. Cacisa ukuba abafundi baza kusebenzisa iingcinga zabo xa bebhala ibali eliyintsomi kwiiveki ezimbini ezizakulandela.

28. Beka ibali eligqityiweyo kwikona yokufunda.

**Ukumaka:**

1. Sebenzisa irubhrikhi elandelayo ukuhlola umfundi ngamnye.
2. Bhala iziphumo zokuhlola kwincwadi yokuhlola.
3. Kwaye,phawula ngenkxalabo onayo ngesakhono sokuthatha inxaxheba somfundi.

| Inqanaba Lokuhlola | Usebenza ngokungekanelisi | | Usebenza ngokwanelisayo | | Usebenza ngokugqwesileyo | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| **Qwalasela umamele utitshala:** | Umfundi akammameli Kwaye akaqwalaseli into ethethwa ngutitshala. | 1 | Umfundi uyazama ukumamela aqwalasele kutitshala. | 2 | Umfundi uqwalasela amamele utitshala kuso sonke isifundo. | 3 |
| **Umsebenzi: Ukunikela ngezimvo zebali** | Umfundi akazami nokuzama ukunikela ngezimvo. | 1 | Umfundi uyazama ukunikela ngezimvo. Izimvo ayizozakhe okanye azifanelekanga. | 3 | Umfundi uthatha inxaxheba kwisifundo kwaye unike ngezimvo zakhe. Izimvo zezakhe okanye zifanelekile. | 5 |
| **Izakhono zokuphulaphula:** | Umfundi usoloko engxola okanye uphazamisa abanye abafundi xa bethetha. | 0 | Umfundi uyangxola ngamanye amaxesha okanye uphazamisa abanye xa bethetha. | 1 | Umfundi uthule ixesha elininzi, uphulaphule kakuhle kwaye uthule xa abanye bethetha. | 2 |

**Morning Oral Work**

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

**Phonics**
Own choice
Sound **nkxw**
10 min

Phonic Words

nkxwe inkxwaleko amakhwenkwe inkwenkwe ixabiso

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**
Group **5**
15 min

**Handwriting**
Handwriting practice
Letter *nkxw*
15 min

Handwriting Words

nkxwe inkxwaleko

Handwriting Pattern:



Handwriting Sentence:

*Inkxwaleko ayilunganga.*

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**
Group **6**
15 min

**Shared Reading**
Second read
15 min

DBE Workbook 1
Title: Umza wam endimthandayo
Page: 36

## Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

## Phonics

Own choice

Sound **nkxw**

10 min

## Group Guided Reading
## Paired / Independent Reading

Group **7**

15 min

## Writing

15 min

**Iinjongo**
**Abafundi bafanele ukwazi:**

- Ukunikela ngeengcinga namagama xa bebhala beyiklasi
- Ukuphulaphula kwiingcinga zabanye abafundi

**Izixhobo Ezifunekayo:**
Ipowusta: Ngaphantsi Elwandle
Itshati enebali, elibhalwe ngoLwesibini.
Iincwadi neepensile zabafundi

**Ukuzilungiselela:**

1. Xhoma ipowusta apho izakubonwa ngabo bonke abafundi.
2. Beka ibali apho lizakubonwa ngabo bonke abafundi.
3. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
4. Ukuba abafundi bakwiidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kwazo.

**Umfuziselo:**

1. Xelela abafundi: NgoLwesibini, bayile ibali baze babhala ngentlanzi ebunkwenkwezi. Mabacinge ngengxaki necebo lokusombulula ingxaki.
2. Namhlanje, uzakufumana ithuba lokusebenzisa iingcinga / umfanekiso ngqondweni wakho. Uzakucinga ngelona cebo elilodwa lokusombulula le ngxaki yentlanzi ebunkwenkwezi!
3. Fundela iklasi ibali ngokuvakalayo.

4. Cacisela abafundi ukuba, ingxaki yintlanzi ebunkwenkwezi elahlekileyo.
5. Namhlanje, abafundi bazakucinga ngendlela entsha ethe intlanzi yayisombulula ngayo ingxaki.
6. Chaza ukuba abafundi bazakubhala izivakalisi ezi 2-3 malunga nale ngxaki.

**Imiyalelo Ye-Orali:**

1. Cela abafundi bavale amehlo abo baze bacinge ngentlanzi encinci elahleke emanzini.
2. Cela abafundi basebenzise iingcinga zabo becinga ngendlela abanokunceda le ntlanzi ngayo.
3. Khumbuza abafundi ukuba ABABHALI BAYACINGA PHAMBI KOKUBA BABHALE.
4. Cela abafundi bavule amehlo abo.
5. Cela abafundi aba 2-3 babelane ngeengcinga zabo neklasi.

**Ukubhala**

1. NIKA ABAFUNDI IINCWADI ZABO.
2. Cela abafundi batyhile kwiphepha lokuqala elingabhalwanga ezincwadini zabo.
3. Yalela abafundi baqale ngokubhala amacebo engxaki ababhale ngayo.
4. Xa abafundi begqibe kwangethuba, BANGAFAKELA IINKCUKACHA
5. Xa abafundi bebhala, hamba hamba wenze UDLIWANO NDLEBE OLUNCINANE.

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**
Group **8**
15 min

**Listening and Speaking**
Poster discussion
NGAPHANTSI KOLWANDLE
5 min
**Assessment activity**
25 min

## Poster Discussion

1. Bangaphi abantu/ iindadi ozibonayo? (Ntlanu)
2. Banxibe njani? (bakwisuti zokudada ezimanzi. Iingalo zabo kunye nenyawo zigqunyiwe. Banxibe iimaski ebusweni bazo.Banezihlangu ezinde kwiinyawo zabo– fliphazi.)
3. Ucinga ukuba iindadi ziphefumla kanjani ngaphantsi kwamanzi? (Amatanki akwimiqolo yazo iindadi anomoya wokuphefumla. Umoya wokuphefumla umpontshelwa emilonyeni yazo.)
4. Ungathanda ukudada ngaphantsi kwamanzi? Ngoba? (Noba zeziphi iimpendulo ezifanelekileyo.)
5. Ucinga ukuba kunjani ukuba yindadi? (Eyonwabisayo, eyoyokisayo , etsala umdla, etc.)

**QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubafundi bonke eklasini yakho.** Esi sisifundo 3 kwezi 4.

| 1 | 2 | 3 | 4 |
|---|---|---|---|

### Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

### Phonics

Spelling test

Sound **nkx, nkxw**

20 min

| Spelling Test | Date: |
|---|---|
| 1. inkonkxa | 6. nkxwe |
| 2. inkxaso | 7. inkxwaleko |
| 3. nkxu | 8. amakhwenkwe |
| 4. nxa | 9. inkwenkwe |
| 5. inxele | 10. ixabiso |

**Dictation Sentence**

Amakhwenkwe atshotshayo awayifuni inkxwaleko afuna inkxaso kwinqununu yesikolo.

### Group Guided Reading
### Paired / Independent Reading

Group **9**

15 min

### Writing

DBE workbook

15 min

Incwadi Yokusebenzela Yoku-1 YeDBE
Amaphepha: 88,89,91 ezantsi, 133 ezantsi.

### Group Guided Reading
### Paired / Independent Reading

Group **10**

15 min

## Listening and Speaking

Rhyme, song or game

5 min

Assessment activity

10 min

**QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubo bonke abafundi eklasini yakho.** Esi sisifundo 4 kwezi 4.

| 1 | 2 | 3 | 4 |
|---|---|---|---|

## Shared Reading

Post read

15 min

DBE Workbook 1
Title: Umza wam endimthandayo
Page: 36

| COMPREHENSION: |
|---|
| **Questions** |
| Ngubani obebhala le leta? |
| Ibhalelwa bani le leta? |
| Bhala into ibenye amabeyenze ngexesha babendwendwelwe nguBongi. |
| Yintoni eza kwenziwa nguDumi kwikonsathi yesikolo |
| Ingaba uyakwazi ukubhala idilesi yakho? Yibhale phantsi. |
| **Answers** |
| NguDumi |
| Ibhalelwa uBongi. |
| Babeleqana noonojubalala, nenye impendulo echanekileyo. |
| Uzakuxhentsa. |
| Umfundi ngamnye uzakuphendula abhale idilesi yakhe. |

**Morning Oral Work**

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

**Phonics**

New sound
Spelling words

Sound **tshw**

10 min

Phonic Words

tshwa tshisa tshotsha shumayela kushushu

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **1**

15 min

**Handwriting**

Handwriting practice

Letter *tshw*

30 min

Handwriting Words

tshwa itshoba

Handwriting Pattern:



Handwriting Sentence:

*Impuku ithe tshwa emngxunyeni.*

Handwriting DBE Activities:

UZintle unentliziyo entle

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **2**

15 min

**Shared Reading**

Pre-read

15 min

Look And Say Words

bayokuxelela siyacoca kuyokucocwa bezokuncedisa kukhuculwa

## Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

## Phonics

DBE workbook

Sound **tshw**

10 min

## Group Guided Reading
## Paired / Independent Reading

Group **3**

15 min

## Writing

30 min

**Iinjongo**

Abafundi bafanele ukwazi:
- Ukuthabatha inxaxheba kwingxoxo yokukhetha isihloko abazakubhala ngaso.

**Izixhobo Ezifunekayo:**
- Ipowusta: Ngaphantsi Kolwandle
- Ibhodi Netshokhwe
- Iincwadi neekhrayoni zabafundi

**Ukuzilungiselela:**
1. Hlalisa abafundi ngocwangco baze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bahleli kwiidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kweedesika.
3. Xhoma ipowusta apho izakubonwa ngabo bonke abafundi.
4. Bhala le ngcaciso ebhodini:
   Ibali eliqwetyiweyo: ibali elithetha ngeziganeko okanye abantu abasezingcingeni kuphela.
5. Bhala le mibuzo ilandelayo ebhodini:

   Ngoobani abalinganiswa ebalini?
   Yintoni eyenziwa ngabalinganiswa?
   Kutheni abalinganiswa bengaphantsi kolwandle?
   Yeyiphi ingxaki abalinganiswa abazakuba nayo?
   Bazoyisombulula njani le ngxaki abalinganiswa ?

**Umfuziselo:**
1. Cacisela abafundi ukuba namhlanje, abafundi bazakubhala IBALI ELINGEYONYANI.

2. Cacisa ukuba INTSOMI ayiyonyani—ibali aliyonyani xa lithetha ngabantu nezinto esizicingayo
3. Khomba abantu ababini abakwiipowusta.
4. Cacisa ukuba abafundi bazakubhala ibali ngento eyenziwa ngabantu ababini.
5. Cacisa ukuba abafundi bazakusebenzisa iingcinga zabo ekwenzeni into eyonwabisayo.
6. Khumbuza ababhali bacinge ngebali labo kuqala kuba ABABHALI BAYACINGA PHAMBI KOKUBA BABHALE.
7. Cacisa ukuba abafundi bazakuxoxa ngeengcinga zabo nabalingane babo.
8. Khomba imibuzo esebhodini.
9. Cacisa ukuba abafundi BAZAKUJIKA BATHETHE nabalingane. Umlingane ngamnye uzakufumana ithuba lokubuza nelokuphendula imibuzo.
10. (Ukuba iklasi yakho ifuna ukuncedwa ngokuJIKA BATHETHE, cela umfundi omnye aze phambi kweklasi. Sebenzisa UMFUZISELO ukubonisa abafundi indlela YOKUJIKA BATHETHE xa bephendula imibuzo.)
11. Cacisa ukuba umfundi ngamnye uzakubhala imibuzo neempendulo ngebali LAKHE ezincwadini zabo.
12. Sebenzisa UMFUZISELO ukubonisa abafundi indlela yokucinga ngento nokubhala impendulo yombuzo omnye.
13. Qinisekisa ukuba BAKRWELELE UMGCA IGAMA NGALINYE.
14. Bacacisele ukuba kulindeleke ukuba baphendule yonke imibuzo ukulungiselela ibali labo ngoLwesine.

**Imiyalelo Ye-Orali:**
1. Cacisa ukuba abafundi bafanele ukuthatha isigqibo ngesiganeko abanqwenela ukubhala ngaso.
2. Yithi: Namhlanje UZAKUCINGA PHAMBI KOKUBA UBHALE.
3. Cela abafundi bavale amehlo baze bacinge bathathe nesigqibo ngoluhlu abazakubhala ngalo.
4. Cela abafundi aba 2-3 babelane ngesigqibo abasithathileyo kwakunye neklasi.
5. Yalela abafundi BAJIKE BATHETHE.

**Okubhalwayo:**
1. Cacisa ukuba abafundi bafanele ukubhala iimpendulo zombuzo ngamnye.
2. NIKA ABAFUNDI IINCWADI ZABO.
3. Bachazele ukuba batyhile kwiphepha lokuqala elingabhalwanga ezincwadini zabo.
4. Hamba hamba eklasini ukhangele ukuba abafundi batyhile kwiphepha elichanekileyo na.
5. Hamba hamba eklasini wenze UDLIWANO NDLEBE OLUNCINANE.

6. Ngexesha lodliwano ndlebe, nceda abafundi babhale iimpendulo zemibuzo yabo ebhodini.
7. Khumbuza abafundi BASEBENZISE IZIXHOBO baze BABIZE AMAGAMA NGOKUCOTHA NJENGOFUDO.
8. Ngexesha lodliwano ndlebe oluncinane cela abafundi BAKUFUNDELE IMIBHALO YABO.
9. Yalela abafundi abagqibe kuqala bafakele iinkcukacha okanye bongeze izivakalisi kwimibhalo yabo kuba ABABHALI BAFAKELA IINKCUKACHA.
10. Xa uhamba hamba, KHUTHAZA ABABHALI.

**Ukumaka:**
1. Nika abafundi ingxelo eyakhayo kwiincwadi zabo. Ingaba ziinkwenkwezi, ubuso obuncumileyo, okanye igama :Kuyancomeka!
2. Sebenzisa irubhrikhi elandelayo ukuhlola umfundi ngamnye.
3. Bhala iziphumo zokuhlola kwincwadi yokuhlola.
4. Kwaye,phawula ngenkxalabo onayo ngesakhono sokubhala somfundi.

| **Inqanaba Lokuhlola** | **Usebenza ngokungekanelisi** | | **Usebenza ngokwanelisayo** | | **Usebenza ngokugqwesileyo** | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| **UMSEBENZI: Usebenzisa ubuchule** | Umfundi ukopa izimvo zabanye OKANYE ufuna uncedo xa ecinga ngezakhe izimvo. | 0 | Abafundi babonisa ubuchule xa becinga ngezimvo zabo. | 1 | | |
| **UMSEBENZI: Uyila nomlingane** | Umfundi akajiki athethe OKANYE umfundi akenzi msebenzi xa kujikwa kuthethwe. | 1 | Umfundi uyajika athethe nomlingane. Umfundi uxoxe ngezimvo zakhe nomlingane wakhe. Umfundi uphendula aze abuze eminye imibuzo. | 2 | Umfundi ujika athethe nomlingane ngezimvo zakhe. Umfundi ubuza imibuzo aze aphulaphule kakuhle kwiimpendulo zomlingane wakhe. Umfundi wabelana ngeempendulo zemibuzo yonke nomlingane wakhe. | 3 |
| **UMSEBENZI: Ubhala iimpendulo zemibuzo** | Umfundi akazibhali iimpendulo zemibuzo ebhodini. | 1-2 | Umfundi ubhala impendulo eqiqiweyo kumbuzo ngamnye obhalwe ebhodini. | 3-4 | Umfundi ubhala impendulo eqiqiweyo kumbuzo ngamnye obhalwe ebhodini. Iimpendulo ziphelele , izivakalisi zineenkcukacha. | 5-6 |

# WEEK 7 WEDNESDAY

**Morning Oral Work**

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

**Phonics**

New sound

Sound **ntshw**

10 min

Phonic Words

ntshwe intshwabulo intshongo intshela intshumayelo

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **5**

15 min

**Handwriting**

Handwriting practice

Letter *ntshw*

15 min

Handwriting Words

ntshwe intshongo

Handwriting Pattern:

*oy oy oy*

Handwriting Sentence:

*Ayilunganga intshwabulo.*

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **6**

15 min

**Shared Reading**

Second read

15 min

DBE Workbook 1

Title: UBongi uyacoca

Page 120

**Morning Oral Work**

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

**Phonics**

Own choice

Sound **ntshw**

10 min

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **7**

15 min

**Writing**

15 min

**Iinjongo**

Abafundi bafanele ukwazi:

- Ukubhala itekisi enezivakalisi ezilishumi ubuncinane bebonakalisa ubuchule.

**Izixhobo Ezifunekayo:**

- Ipowusta: Ngaphantsi Kolwandle
- Ibhodi netshokhwe
- Iincwadi zabafundi neekhrayoni ezinemibhalo yangoL-wesibini

**Ukuzilungiselela:**

1. Hlalisa abafundi ngocwangco baze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bahleli kwiidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kweedesika.
3. Xhoma ipowusta apho izokubonwa ngabo bonke abafundi.
4. Bhala le nkcazelo ebhodini:

**Ibali elingeyonyani: ibali elithetha ngeziganeko okanye abantu abasezingcingeni kuphela.**

5. Bhala le mibuzo ebhodini:

| | |
|---|---|
| • Ngoobani abalinganiswa ebalini?<br>• Yintoni eyenziwa ngabalinganiswa?<br>• Kutheni abalinganiswa bengaphantsi kolwandle nje?<br>• Yeyiphi ingxaki abazoba nayo abalinganiswa?<br>• Bazoyisombulula njani le ngxaki abalinganiswa? | Kudala dala…(chaza abalinganiswa) |

**Umfuziselo:**

1. Cacisa ukuba namhlanje, abafundi bazakuqala ngedrafti yamabali abo aqwetyiweyo.
2. Khumbuza abafundi ukuba ibali elingeyonyani kuxa sibhala ngeziganeko nabantu abasezingcingeni zethu kuphela.
3. Cacisa ukuba namhlanje, abafundi bazakubhala izivakalisi ezi 3-4 ngamabali abo.
4. Bacacisele ukuba abafundi bazakuqala ngokuchaza abalinganiswa bebali.
5. Cacisa ukuba abafundi bazakusebenzisa iimpendulo zemibuzo yangoLwesibini: Ngoobani abalinganiswa ebalini?
6. Sebenzisa UMFUZISELO ukubonisa abafundi indlela yokubhala izivakalisi ezi 3-4 xa beqala ibali, umzekelo: Kudala dala,kwakukho ubhuti nosisi ababebizwa uNeo kwakunye noTau. UNeo wayemfutshane eliqhula. UTau wayemde enondileko. Babesebenzisana ukusombulula iimfihlakalo.
7. KRWELELA UMGCA IGAMA NGALINYE.

**Okubhalwayo:**

1. NIKA ABAFUNDI IINCWADI ZABO.
2. Yalela abafundi batyhile kwimibhalo yabo yangoLwesibini.
3. Baxelele ukuba baqale amabali abo kwiphepha elilandelayo.
4. Hamba hamba uqinisekise ukuba abafundi babhala kwiphepha elililo.
5. Hamba hamba eklasini wenze UDLIWANO NDLEBE OLUNCINANE.
6. Khumbuza abafundi basebenzise IZIXHOBO baze BABIZE AMAGAMA NGOKUCOTHA NJENGOFUDO.
7. Ngexesha lodliwano ndlebe oluncinane cela abafundi BAKUFUNDELE ABAKUBHALILEYO.
8. Cela abafundi abagqibe kuqala bafakele iinkcukacha okanye bongeze izivakalisi kwimibhalo yabo kuba ABABHALI BAFAKELA IINKCUKACHAA.
9. Xa uhamba hamba, KHUTHAZA ABABHALI.

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**
Group **8**
15 min

**Listening and Speaking**
Poster vocabulary
INGAPHANTSI KOLWANDLE
5 min
**Assessment activity**
25 min

## Poster Vocabulary

1. Indadi
2. Isuti yokudada ebumanzi
3. Iifliphazi
4. Imaski
5. Umoya wokuphefumla

**UMSEBENZI WOKUPHULAPHULA NOKUTHETHA:**
Ukuxela ibali elilula ngabalinganiswa abohlukahlukeneyo.

**Iinjongo:**
Ekupheleni kwesi sifundo, abafundi bafanele ukwazi:
- Ukuchaza ibali elifutshane elilula ngabalinganiswa abohlukeneyo.

**Inkcazelo Yesifundo:**
a. Hlalisa abafundi ukuze baphulaphule ngenyameko.
b. Ukuba abafundi bakwiidesika zabo, qinisekisa ukuba iidesika zabo zicocekile.
c. Qinisekisa ukuba abafundi bahleli ngocwangco kwaye bonke bayabona phambili eklasini.
d. Xelela abafundi ukuba uzakubafundela ibali, ke mabaphulaphule ngenyameko kuba uzakubuza imibuzo ngebali elo.
e. Funda ibali ngokucacileyo,qabavu, ngelizwi elivakalayo

UNaledi waye yintlanzi yenkwenkwezi eqaqambileyo emthubi. Wayehlala kwichibi elinganzulwanga ekupheleni kolwandle lwase India. Ubejongeka njengo jongilanga. Waye yintlanzi yenkwenkwezi eyayisoloko ivuyile, ingakhalazi nangantoni na.
UNaledi wayehlala nezinye izidalwa kweli chibi.Bekukho iintlanzi ezincinane eziluhlaza nomqwabulo obizwa uAlly. Kwakukho unonkala omncinane obizwa uKala kwaye nezinye izidalwa. "Ndiyalithanda eli chibi," watsho uNaledi kwabanye.
UKala waye ngunonkala omncinci osoloko ekhalaza, ecaphukela ukuba sechibini. Wayejonga ngaphandle

kulwandle IwaseIndia. Wayefuna ukuzala kolwandle kuze ukuze azokuba kulwandle oluvulekileyo. “Ndifuna ukuba kulwandle IwaseIndia,” watsho uKala, “Akumnandanga apha!” UNaledi wajonga unonkala. “Kodwa, Kala,” watsho, “kuhle apha.” Jonga. Njani ungathandi ukuba apha? Andinasithukuthazi mna apha! Sidlala imidlalo kunye, sincokole, sihleke.”
UAlly umqwabulo wolwandle wangqinelana noNaledi. “Ndiyathanda nam apha,” watsho kuNaledi. “Ndiziva ndikhuselekile apha! Masidlale undize! Uzifihle kuqala!” UNaledi wahamba wayozifihla ngaphantsi kwamatye walinda uAlly.
Apho nje, amanzi amaza eza ngaphezulu kwamatye. UKala waqhwaba iinzipho zakhe zombini. “Yooh! Amaza aphezulu! Ndikhululekile,” ekhwaza. UKala wenza ukuba amaza amfumane amphosele ngaphandle. Waye chulumancile.
Njenokuba imizuzu igqitha, amanzi amane esiza kwichibi. “Masiyeke ukudlala, Ally!” UNaledi noAlly bazibambelela ngamatye ukuze bangemki nolwandle. Babiwa bubuthongo balala. Ekuseni, xa bevukayo ichibi lalizolile kwakhona. UNaledi wabheka-bheka.Bonke abahlobo bakhe babesekho. Weva uKala, “Ndiyavuya ukuba kweli chibi kwakhona! Bendicinga ukuba akusokuze ndilibone kwakhona.Ndibone iindawo ezininzi. Iintlanzi ezinkulu namaza andijikelezisile. Ngethamsanqa, amaza okugqibela andibuyisile apha. Ngoku ndiyazi ayikho indawo egqith’ikhaya lakho!”
“Wamkelekile Kala,” watsho uNaledi.

f. Buza abafundi le mibuzo ilandelayo:
   a. Kwenzeke ntoni kweli bali? (UKala ushiye ichibi/iphuli enamaza wabuya ekhuselekile). **Xelela abafundi ukuba siyibiza uYILO lwebali.**
   b. Ngobani abalinganiswa abaphambili kweli bali? (UNaledi noKala) **Xelela abafundi ukuba sibiza abantu okanye izilwanyana ebalini ABALINGANISWA.**

g. Cacisela abafundi ukuba kubalulekile ukuba noyilo/umxholo kunye nabalinganiswa. Masilazi ibali ukuba lithetha ngabani, nokuba kwenzeka ntoni kwibali.
h. Xelela abafundi ukuba omye nomnye kuzo zontathu ezi zifundo zokuphulaphula nokuthetha uza kubalisa ibali eklasini.
i. Bangabalisa nokuba leliphi ibali abalaziyo kodwa kufuneka libe NOMXHOLO/ UYILO kunye NABALINGANISWA. Abafundi bangababuza abazali babo okanye abo babakhulisayo imizekelo.
j. Kukho namanye amabali kwincwadi yeDBE kwiphepha 104, 108 kunye 112 abangalisebenzisa.
k. Abafundi bangabanoxwebhu lokuzikhumbuza kodwa bangalifundi.
l. Khumbuza abafundi ukuba xa besenzela iklasi intetho nkcazelo, mabakhumbule le migaqo ilandelayo:

   Imigaqo yentetho nkcazelo
   a. Thethela phezulu nangokucacileyo.
   b. Ungaziphindaphindi.
   c. Xela ibali lakho iziganeko zilandelelane/iziganeko ngendlela eyiyo.
   d. Yima ungagungqi.
   e. Wujonge umndilili othetha nawo.
   f. Ilizwi lakho malitsale umdla wabantu.

**Ukumaka:**
1. Sebenzisa le rubriki ilandelayo ukuhlola umntwana ngamnye.
2. Bhala iziphumo zabo kwincwadi yokuhlola.
3. Okunye, bhala izinto ezixhalabisayo ngokuphulaphula nokuthetha komfundi ngamnye.

| Inqanaba lokuhlola | Usebenza ngokungekanelisi | | Usebenza ngokwanelisayo | | Usebenza ngokugqwesileyo | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| **Umxholo/uyilo lwebali** | Umxholo webali awuvakali kakuhle. | 1 | Umxholo webali uyavakala kodwa awuniki mfanekiso ngqondweni. | 2 | Umxholo webali uyavakala kwaye uyawunika umfanekiso ngqondweni. | 3-4 |
| **Abalinganiswa bebali** | Abalinganiswa abaphuhliswanga okanye abachazwanga. | 1 | Abalinganiswa baphuhlisiwe kodwa okanye abachazwanga ngokucacileyo | 2 | Abalinganiswa baphuhlile baze bachazwa ngokucacileyo. | 3 |
| **Izakhono zokuthetha gabalala** | Umfundi ulandela ukusuka 1 – 3 yemigaqo. | 0 | Umfundi ulandela ukusuka 4 yemigaqo. | 1 | Umfundi ulandela ukusuka 5- 6. | 3 |

## QAPHELA:

Unezifundo ezine ekufanele ukuba uzimamele nabantwana bonke eklasini. Esi sisifundo 1 kwese 4.

| 1 | 2 | 3 | 4 |
|---|---|---|---|

## Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

## Phonics

**Spelling test**

Sound **tshw, ntshw**

20 min

| Spelling Test | Date: |
|---|---|
| tshwa | ntshwe |
| tshisa | intshwabulo |
| tshotsha | intshongo |
| shumayela | intshela |
| kushushu | intshumayelo |

**Dictation Sentence**

Ibaleke yathi tshwa ekoneni impuku xa isiva intshwabulo kamakhulu.

## Group Guided Reading
## Paired / Independent Reading

Group **9**

15 min

## Writing

**DBE workbook**

15 min

Incwadi Yokusebenzela Yoku-1 YeDBE
Amaphepha: 92,95 ezantsi 131.

## Group Guided Reading
## Paired / Independent Reading

Group **10**

15 min

## Listening and Speaking

Rhyme, song or game

15 min

Assessment activity

10 min

**QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubo bonke abafundi eklasini yakho.** Esi sisifundo 2 kwezi 4.

| 1 | 2 | 3 | 4 |
|---|---|---|---|

## Shared Reading

Post read

15 min

DBE Workbook 1

Title: UBongi uyacoca

Page 120

| COMPREHENSION: |
|---|
| **Questions** |
| Bamxelela ntoni utitshala wabo uBongi noAnn? |
| Wasibhala nabani uBongi isaziso? |
| Basixhoma phi esi saziso uBongi noAnn? |
| Ingaba ucinga ukuba yinto entle ukuba bacoce ukungcola? Ngoba? |
| Yayizakubabuyisa nini emakhaya ibhasi abafundi? |
| **Answers** |
| Bamxelela ngokungcola abakubone ngasemlanjeni. |
| Wasibhala noAnn. |
| Basixhoma eludongeni. |
| Ewe, umfundi ngamnye uzakunika impendulo echanekileyo. |
| Ngentsimbi yesibini. |

**Morning Oral Work**

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

**Phonics**

New sound
Spelling words

Sound **rhw**

10 min

Phonic Words

umrhwebi rhweba rhwaphiliza amarhewu rhubuluza

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **1**

15 min

**Handwriting**

Handwriting practice

Letter rhw

30 min

Handwriting Words

ukurhweba ukurhwaphiliza

Handwriting Pattern:

ta ta ta

Handwriting Sentence:

Abarhwebi barhwaphilize
kwiziko lezeMfundo.

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **2**

15 min

**Shared Reading**

Pre-read

15 min

Look And Say Words

ukuntywila babesebancinci umkhumbi wayesemshiyile utatomkhulu ityathanga elunxwemeni

**Morning Oral Work**

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

**Phonics**

DBE workbook

Sound **rhw**

10 min

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **3**

15 min

**Writing**

30 min

**Iinjongo**
Abafundi kufanele bazi:
- Bhala isincoko esinezivakalisi ezilishumi

**Izixhobo ezifunekayo:**
- Ipowusta: Ngaphantsi kolwandle
- Ibhodi netshokhwe
- Iincwadi zabafundi kunye neekhrayoni nebebekubhale ngoLwesibini.

**Ukuzilungiselela:**
1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bakwiidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kweedesika.
3. Xhoma ipowusta apho bonke abafundi bangabona khona.
4. Bhala ezi nkcazelo zilandelayo ebhodini:
   **Ibali elingeyonyani: ibali elingeengcinga zeziganeko okanye abantu**
5. Bhala le mibuzo ilandelayo kunye nefreyimu yokubhala, ebhaliweyo ebhodini:

| | |
|---|---|
| • Ngoobani abalinganiswa kwibali?<br>• Benza ntoni abalinganiswa?<br>• Kutheni abalinganiswa bengaphantsi kolwandle?<br>• Ingaba zeziphi iingxaki abazakuba nazo abalinganiswa?<br>• Bazakuyisombulula njani le ngxaki abalinganiswa? | Kudala dala…(chaza abalinganiswa aba 3-4 )<br><br>Shwankathela esi simo (izivakalisi ezi 2-3)<br><br>Chaza ingxaki (izivakalisi ezi 3-4)<br><br>Ingxaki isombululekile! (izivakalisi ezi) |

6. Inkcaza yakho yangoLwesibini, ebhalwe ebhodini: Kudala dala, kwakukho ubhuti kunye nosisi ababethiywe ngokuba nguNeo noTau. UNeo wayemfutshane engaqhelekanga. UTau wayemde kwaye enesidma. Basebenza ngokweqela ukusombulula imihlola.

**Umfuziselo:**
1. Chaza ukuba namhlanje , ababhali bazakuqhubeka ukuzoba amabali wabo angeyonyani.
2. Khumbuza abafundi ibali elingeyonyani kuxa sibhala ibali elingeengcinga  zeziganeko okanye abantu.
3. Chaza ukuba namhlanje, abafundi bazakubhala ngokwenzekayo kubalinganiswa bebali.
4. Cacisa ukuba abafundi bazakusebenzisa iimpendulo zemibuzo ebebeyiphendule.
5. Sebenzisa UMFUZISELO ukubonisa ukuba bangacinga njani ngebali labo, umzekelo:

   Itshomi kaTau yayidada elwandle. Walahlekelwa ngamaso wakhe.Wayesazi ukuba uTau kunye noNeo bangantywila, wabacela ukuba bamfunele.

   Xa babengaphantsi kwamanzi, uNeo wabona umamlambo enxibe amaso. Umamlambo akazange afune ukubanika amaso. Wadada wemnka.

   Umamlambo wadadela kweli cala elinoTau. UNeo wangxolisa uTau. Wambamba umamlambo. Bawafumana kwakho amaso etshomi yabo!

**Imiyalelo Ye-Orali:**
1. KHUPHA IINCWADI ZABAFUNDI.
2. Yalela abafundi ukuba bavule iincwadi zabo ekuqaleni kwebali eingeyonyani.
3. Hamba hamba ujonge ukuba abafundi bakwiphepha elililo.
4. Nika abafundi imizuzu emi 2-3 okanye bafunde abakubhalileyo kuba ABABHALI BAFUNDA ABAKUBHALILEYO.
5. Khumbuza abafundi ukuba bazakuqhubeka ukubhala eli bali namhlanje.

**Okubhalwayo:**
1. Yalela abafundi ukuba baqala ukubhala besebenzise iimpendulo kwimibuzo yabo kunye nefreyimu yokubhala.
2. Hamba-hamba eklasini ugqibezele UDLIWANO NDLEBE OLUNCINANE.
3. Khumbuza abafundi ukuba BASEBENZISE IZIXHOBO kwaye BABIZE AMAGAMA NGOKUCOTHA

NJENGOFUDO.
4. Ngelixa lodliwano ndlebe oluncinane cela abafundi ukuba BAKUFUNDELE ABAKUBHALILEYO.
5. Yalela ababfundi abagqibe kwangoko ukuba bafake iinkcukacha okanye izivakalisi kwimibhalao yabo kuba ABABHALI BONGEZA IINKCUKACHA.
6. Ngelixa uhamba-hamba, KHUTHAZA ABAFUNDI.

**Ukumaka:**
1. Nika abafundi ingxelo eyakhayo kwincwadi zabo. Ingaba yinkwenkwezi, ubuso obuncumileyo, igama: Kwakuhle!
2. Sebenzisa le rubhriki elandelayo ukuhlola umfundi ngamnye.
3. Bhala iziphumo kwincwadi yakho yokuhlola.
4. Kwaye, phawula ngenkxalabo onayo ngendlela umfundi ngamnye athe wabhala ngayo

| Inqanaba lokuhlola | Usebenza Ngokungekanelisi | | Usebenza Ngokwanelisayo | | Usebenza ngokugqwesileyo | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| **Umsebenzi: Usebenzisa iimpendulo kwimibuzo ukwazisa okubhaliweyo.** | Ibali lomfundi alinxulumananga nempendulo ezikwisicwangciso sabo. | 0 | Umfundi usebenzisa iimpendulo kwisicwangciso sabo ukubhala ibali lakhe. | 1 | | |
| **Umsebenzi: Babhala izivakalisi ezilishumi ubuncinane.** | Umfundi ubhale ngaphantsi kwezivakalisi ezilishumi/ okanye izivakalisi ezibhaliweyo aziphelelanga. | 1-2 | Umfundi ubhala izivakalisi ezilishumi ubuncinane. | 3-4 | Umfundi ubhale izivakalisi ezilishumi ezipheleleyo ubuncinane. Izivakalisi zinobuchule okanye zinzima. | 5-6 |
| **Umsebenzi: Usebenzisa ifreyimu ebhaliweyo** | Umfundi akasebenzisanga ifreyimu yokubhala , OKANYE ushiye ezinye indawo. | 1 | Umfundi usebenzise ifreyimu yokubhala ukulungisa izivakalisi azibhalileyo. | 2 | Umfundi usebenzise ifreyimu yokubhala ukulungisa izivakalisi azibhalileyo. Umfundi usebenzise ubuchule ukongeza kwifreyimu yokubhala. | 3 |

**Morning Oral Work**

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

**Phonics**

New sound

Sound **dy**

10 min

Phonic Words

idyasi idyokhwe dyobha edyokhweni idyudyu

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **5**

15 min

**Handwriting**

Handwriting practice

Letter *dy*

15 min

Handwriting Words

idyokhwe idyasi

Handwriting Pattern:

*th th th*

Handwriting Sentence:

*Unxibe idyasi eshushu.*

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **6**

15 min

**Shared Reading**

Second read

15 min

DBE Workbook 1

Title: Ukuntywila elwandle.

Page 124-125

**Morning Oral Work**

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

**Phonics**

Own choice

Sound **dy**

10 min

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **7**

15 min

**Writing**

15 min

**Iinjongo**
Abafundi kufanele bazi:
- Ukufunda kwaye bahlele imibhalo ngokuthi balungise upelo, iimpawu zemibuzo, njalo njalo.

**Izixhobo ezifunekayo:**
- Ibhodi kunye netshokhwe
- Iincwadi zabafundi ezinokubhaliweyo kwangoLwesibini kunye neepensile.
- Iphepha elihamba lodwa lomfundi ngamnye (oku kungathathwa kwiincwadi zabafundi) OKANYE ucwecwe loludwe kumfundi ngamnye.

**Ukuzilungiselela:**
1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bakwiidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kweedesika zabo.
3. Bhala umhlahi wakho ebhodini. N**CEDA WENZE IIMPAZAMO EZI 4-5 KWEZI ZIVAKALISI.**
4. Bhala uludwe olulandelayo ebhodini:

ITSHEKHLISTI YOKUHLELA UGXA WAKHO

| | | |
|---|---|---|
| Igama lam ngu:<br><br>Umbhali webali endilifundileyo ngu:<br><br>Umhla: | | |
| Ndibajongile oonobumba abakhulu. | EWE | HAYI |
| Ndiwalungisie la magama: | | |
| Ndizijongile iimpawu zombuzo. | EWE | HAYI |
| Ndizilungisile iimpawu zemibuzo: | | |
| Ndiwajongile amagama opelo endiwaziyo. | EWE | HAYI |
| Ndiwalungisile amagama opelo: | | |
| Yintoni enye oyithandayo ngomhlathi? | | |
| Yintoni enye ocinga ukuba ingenziwa bhetele? | | |

**Umfuziselo:**
1. Chaza ukuba namhlanje, abafundi BAZAKUHLELA OOGXA BABO.
2. Khumbuza abafundi ukuba xa sihlela ngokogxa, sifunda okubhalwe ngugxa sibancede ukufumana iimpazamo.
3. Cela abafundi ukuba bakuncede ukufumana iimpazamo kokubhaliweyo ebhodini.
4. Biza abafundi abaqaphela nababona iimpazamo ukuba beze ebhodini.
5. Cela abafundi ukuba bakhe isangqa kwiiimpazamo abazifumeneyo.
6. Sebenzisa UMFUZISELO ukubonisa abafundi ukug-cwaliswa KOHLELO LOLUDWE LOOGXA BABO.

**Imiyalelo Ye-Orali:**
1. Yithi: Ngoku lithuba lakho LOKUHLELA UMSEBENZI KAGXA WAKHO.
2. NIKA ABAFUNDI IINCWADI ZABO.
3. Yalela abafundi ukuba bafumane umsebenzi wabo wango Lwesibini.
4. Yalela abafundi ukuba BATSHINTSHE IINCWADI kunye nomakhelwana babo.
5. Yalela abafundi ukuba babhale uhlelol logxa babo kwincwadi zogxa.(OKANYE UKHUPHE IIKOPI)
6. Cacisa ukuba abafundi kuneka BAFUNDE OKUBHALI-WEYO NGOOGXA BABO.

7. Cacisa ukuba abafundi kufuneka bafakele uludwe ngengokuba beqhubeka.
8. Ukuba abafundi bagqibe kwangoko, kufanele BAFUNDE ABAKUBHALILEYO ukuqinisekisa ukuba zonke iimpazamo zifumanekile.

**Okubhalwayo:**

1. Hamba- hamba ujonge abafundi ukuba bakwiphepha elililo.
2. Hamba-hamba eklasini ugqibezele UDLIWANO NDLEBE OLUNCINANE.
3. Ngelixa lodliwano ndlebe oluncinane , ncedisa abafundi ukuhlela uludwe loogxa babo.
4. Ngelixa lodliwano ndlebe cela abafundi ukuba bakubonise iimpazamo abazilungisileyo.
5. Khumbuza abafundi abagqibe kwangoko ukuba BAFUNDE ABAKUBHALILEYO ukuqinisekisa ukuba zonke iimpazamo zifumanekile.
6. Khumbuza abafundi abagqibe kuqala ukuba bangafaka iinkcukacha, kuba ABAFUNDI ABANGABO BAFAKA IINKCUKACHA NJALO.

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **8**

15 min

**Listening and Speaking**

Poster discussion

NGAPHANTSI KOLWANDLE

5 min

**Assessment activity**

25 min

## Poster Discussion

1. Indadi enethotshi ijonge entwenini? (Kwityesi yobutyebi, ibhokisi.)
2. Ucinga ukuba ivelaphi le tyesi? (Kwinqanawa eyazikayo – siyayibona inqanawa eyophukileyo emfanekisweni ngemva ngakwicala lasekhohlo.)
3. Ubona ntoni kwityesi yobutyebi? (Amajikazi, amaso, umkhonto, neengqekembe, njl.)
4. Ucinga ukuba kutheni indadi inomkhonto? (Kukho izilwanyana ezinobungozi/intlanzi ngaphantsi kwamanzi, umz: ukrebe.)
5. Ingaba kutheni indadi zijongeka ncinci? (Kungokuba zikude kakhulu– ngaselunxwemeni lwamanzi.)

**QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubo bonke abafundi eklasini yakho.** Esi sisifundo 3 kwezi 4

| 1 | 2 | 3 | 4 |
|---|---|---|---|

**Morning Oral Work**

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

**Phonics**

Spelling test

Sound **rhw, dy**

20 min

| Spelling Test | Date: |
|---|---|
| 1. umrhwebi | 6. idyasi |
| 2. rhweba | 7. idyokhwe |
| 3. rhwaphiliza | 8. dyobha |
| 4. amarhewu | 9. edyokhweni |
| 5. rhubuluza | 10. idyudyu |

**Dictation Sentence**

Umrhwebi onedyudyu uchithe amarhewu kwidyasi yakhe xa ebona inyoka erhubuluzayo.

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **9**

15 min

**Writing**

DBE workbook

15 min

Incwadi Yokusebenzela Yoku-1 YeDBE
Amaphepha: 100, 101, 102, 129 ezantsi.

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **10**

15 min

## Listening and Speaking

Rhyme, song or game

5 min

**Assessment activity**

10 min

**QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubo bonke abafundi eklasini yakho.** Esi sisifundo 4 kwezi 4.

| 1 | 2 | 3 | 4 |
|---|---|---|---|

## Shared Reading

Post read

15 min

DBE Workbook 1

Title: Ukuntywila elwandle.

Page 124-125

| COMPREHENSION: |
|---|
| **Questions** |
| Lenzeka phi eli bali? |
| Bafumana ntoni kumkhumbi oselwandle? |
| Wayenxibe ntoni utatomkhulu xa engena elwandle? |
| Wancedwa yintoni utatomkhulu phantsi kwamanzi elwandle? |
| Wawuzakuthini wena xa wawuzifumana ukwingxaki katatomkhulu uSam? |
| **Answers** |
| Elwandle. |
| Igolide entle nesiliva. |
| Wayenxibe isuti yakhe yamanzi aphathe netanki yomoya. |
| Wancedwa lihlengesi. |
| Umfundi ngamnye makanike impendulo ehambelana nebali nefanelekileyo. |

**Morning Oral Work**

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

**Phonics**

New sound
Spelling words

Sound **ndy**

10 min

Phonic Words

indyebo indyondyo inyhididi iindaba indalo

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **1**

15 min

**Handwriting**

Handwriting practice

Letter *ndy*

30 min

Handwriting Words

iindyondyo indyebo

Handwriting Pattern:



Handwriting Sentence:

*Izandyondyo zemvula zenza indyebo ibentle.*

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **2**

15 min

**Shared Reading**

Pre-read

15 min

Look And Say Words

ubusazi ezindlwaneni ekupheleni okuneswekile
ziyakujikeleza ngumkhondo ziyalinukisa

**Morning Oral Work**

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

**Phonics**

DBE workbook

Sound **ndy**

10 min

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **3**

15 min

**Writing**

30 min

**Iinjongo**

Abafundi kufanele bazi:

- Ukubhala nokucacisa izivakalisi ezilishumi ubuncinane zencwadi yethala leencwadi zeklasi.
- Ukusebenzisa indlela yokubhala

**Izixhobo ezifunekayo:**

Ibhodi netshokhwe
Iincwadi zabafundi ezinokubhaliweyo kwangoLwesine, ipensile kunye neekhrayoni.
Iphepha elihamba lodwa lomfundi ngamnye.

**Ukuzilungiselela:**

1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bakwidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kwedesika.
3. Bhala ezi ziqalo zezivakalisi ezilandelayo ebhodini:
4. Izivakalisi zakho ezisuka kwisifundo sangoLwesibini, ezibhaliweyo ebhodini, nezilungiso.
5. Le freyimu yokubhala, ebhalwe ebhodini:

| |
|---|
| Itayitile<br>Ngu (IGAMA LAKHO)<br><br>Ibali lakho:<br>Ubuncinane izivakalisi ezili10!<br><br>Kudala dala…<br><br>Shwankathela imeko<br><br>Chaza ingxaki<br><br>Ingxaki isombululekile!<br><br>IINGCACISO ZEBALI |

**Umfuziselo:**

1. Khumbuza abafundi ukuba ngoLwesibini, ugxa usincedisile ukulungisa iimpazamo zethu.
2. Cacisa ukuba namhlanje , umfundi ngamnye uzakwenza ikhasi lencwadi yeklasi: Indalo engaphantsi kolwandle.
3. Chaza ukuba xa sibhala incwadi, kufanele SIPAPASHE umsebenzi wethu kuba abanye abantu bazakuwufunda.
4. Bonisa abafundi amaphepha ahamba wodwa aziziqwentshu.
5. Cacisa ukuba abafundi bazakuPAPASHA abakubhalileyo kumaphepha ahamba wodwa.
6. Namhlanje xa abafundi BEPAPASHA, bazakuphinda babhale izivakalisi zabo ngaphandle kweempazamo.
7. Chaza ukba abafundi kufuneka baike ingcaciso ngomsebenzi wabo kunye namagama wabo kuwo..

**Imiyalelo Ye-Orali:**

1. Yithi: Ngoku lithuba lakho UKUPAPASHA umsebenzi wakho.
2. KHUPHA IINCWADI ZABAFUNDI.
3. Yalela abafundi ukuba bafumane umsebenzi wabo wangoLwesibini kunye NOHLELO LOLUDWE LOGXA BABO.
4. KHUPHA AMAPHEPHA AHAMBA WODWA.
5. Yalela abafundi ukuba baqalise UKUPAPASHA.
6. Khumbuza abafundi ukuba balungise iimpazamo zabo ngelixa BEPAPASHA.
7. Khumbuza abafundi ukuba banike ingcaciso babhale amagama wabo kumaphepha wabo.

**Okubhalwayo:**

1. Hamba- hamba egumbini ugqibezele UDLIWANO NDLEBE OLUNCINANE.
2. Ngelixa lodliwano ndlebe oluncinane, ncedisa abafundi ukulungisa iimpazamo.
3. Ngelixa lodliwano ndlebe cela abafundi ukuba BAKUFUNDELE ABAKUBHALILEYO.
4. Yalela abafundi abagqibe kuqala ukuba bongeze inkcukacha kuba ABABHALI ABANGABO BONGEZA IINKCUKACHA.
5. Ngelixa uhamba-hamba, KHUTHAZA ABAFUNDI.

**Ukumaka:**

1. Nika abafundi ingxelo eyakhayo kwincwadi zabo. Ingaba yinkwenkwezi, ubuso obuncumileyo, igama: Kuyancomeka!
2. Sebenzisa le rubhriki elandelayo ukuhlola umfundi ngamnye.
3. Bhala iziphumo kwincwadi yakho yokuhlola.
4. Kwaye, phawula ngenkxalabo onayo ngendlela umfundi ngamnye athe wabhala ngayo

| Inqanaba lokuhlola | Usebenza ngokungekanelisi | | Usebenza ngokwanelisayo | | Usebenza ngokugqwesileyo | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| **UMSEBENZI: Usebenzisa iziphumo ezisuka kuludwe logxa** | Umfundi akafundi okanye asebenzise iziphumo zohlelo loludwe logxa. | 0 | Umfundi uyafunda abhale asebenzise iziphumo ezisuka kuhlelo loludwe logxa wakhe. | 1 | | |
| **UMSEBENZI: Bhala ubuncinane izivakalisi ezilishumi.** | Umfundi ubhale ngaphantsi kwezivakalisi ezilishumi/ okanye izivakalisi ezibhaliweyo aziphelelanga. | 1-2 | Umfundi ubhale izivakalisi ezilishumi ezipheleleyo ubuncinane. | 3-4 | Umfundi ubhale izivakalisi ezilishumi ezipheleleyo ubuncinane. Izivakalisi zinobuchule okanye zinobunzima. | 5-6 |
| **UMSEBENZI: Ukupapasha umsebenzi njengekhasi lencwadi.** | Umfundi akayenzanga ingcaciso ngephepha lakhe. Umfundi wenze iimpazamo ezingaphezu kwesibini ngonoobumba abakhulu, izingxi, kunye neekoma | 1 | Umfundi unike ingcaciso yephepha lakhe.Umfundi wenze impazamo enye okanye ezimbini ngoonobumba abakhulu, izingxi kunye neekoma. | 2 | Umfundi unike ingcaciso yephepha lakhe.Umfundi ulungise impazamo zonke zoonobumba abakhulu, izingxi kunye neekoma. | 3 |

**Morning Oral Work**

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

**Phonics**
New sound
Sound **ndyw**
10 min

Phonic Words

iindywala indima indawo induku ndithanda

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**
Group **5**
15 min

**Handwriting**
Handwriting practice
Letter *ndyw*
15 min

Handwriting Words

iindywala inyhididi

Handwriting Pattern:



Handwriting Sentence:

*Itheko belineendywala ezohlukeneyo.*

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**
Group **6**
15 min

**Shared Reading**
Second read
15 min

DBE Workbook 1
Title: Ilizwe leembovane
Page 128

**Morning Oral Work**

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

**Phonics**

Own choice

Sound **ndyw**

10 min

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **7**

15 min

**Writing**

15 min

**Iinjongo**
Abafundi kufanele bazi:
- Ukufundela umhlobo wabo abakubhalileyo.

**Izixhobo ezifunekayo:**
Amakhasi wamabali ANGEYONYANI enziwe ngabafundi.

**Ukuzilungiselela:**
1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bakwiidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kwedesika.

**Imiyalelo Ye-Orali:**
1. Cacisa ukuba ABABHALI BAYAFUNDA ABAKUBHALI-LEYO.
2. Cacisa ukuba namhlanje, abafundi BAZAKUJIKA BATHETHE. (Ukuba abafundi bafuna ukukhunjuzwa ngokuJIKA UTHETHE, khawulesiza usebenzise UM-FUZISELO ukubakhumbuza ukuba kwenziwa kanjani.)
3. Chaza ukuba namhlanje, abafundi bazakwenza uhlazi-yo Iwencwadi yabo nogxa.
4. KHUPHA AMAPHEPHA ENCWADI unike abafundi abawenzileyo.
5. Xelela abafundi ukuba ngoku, bazakufunda uhlaziyo lwencwadi zabo kumntu ohleli ecaleni kwakhe.
6. Cacisa ukuba abafundi kufuneka BAJIKE BATHETHE nomntu osecaleni kwabo.
7. Chaza ukuba abafundi kufuneka babuze oogxa babo imibuzo ngebali.

8. Ngelixa abafundi BEJIKA BETHETHA, hamba- hamba eklasini. Phulaphula kokuthethwa ngabafundi ze ubuze imibuzo.
9. Ekupheleni kwesifundo, qokelela amaphepha ahamba wodwa.
10. Yenza incwadi ngokuthi wenze imingxunya wandule ukuthunga ngesiqwentshu seribhoni kulomingxun-ya. Okanye usebenzisa ukufaka wonke la maphepha ahamba wodwa.
11. Beka incwadi apha eklasini kwindawo apho abafundi bazakufikelela lula.

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**
Group **8**
15 min

**Listening and Speaking**
Poster vocabualry
NGAPHANTSI
KOLWANDLE
5 min
**Assessment activity**
25 min

Poster Vocabulary

1. Ubutyebi
2. Ithotshi
3. Ubugoxo benqanawa
4. Iiperile
5. Intlanzi yeJeli

**UMSEBENZI WOKUPHULAPHULA NOKUTHETHA:**
Ukuqashela ukuba kuzakwenzeka ntoni kumfanekiso kwaye bacinge unobangela woko.

**Iinjongo:**
Ekupheleni kwesi sifundo, abafundi bafanele ukwazi:
- Ukuqashela ukuba kuzakwenzeka ntoni kumfanekiso.
- Ukucinga unobangela neziphumo zoko

**Izixhobo ezizakusetyenziswa:**
- Ipowusta: Ngaphantsi kolwandle

**Inkcazelo Yesifundo**
a. Hlalisa abafundi ukuze baphulaphule ngenyameko.
b. Ukuba abafundi bakwiidesika zabo, qinisekisa ukuba iidesika zabo zicocekile.
c. Qinisekisa ukuba abafundi bahleli ngocwangco kwaye bonke bayabona phambili eklasini.
d. Xhoma ipowusta 'Ngaphantsi kolwandle'.
e. Xoxa ngengqiqo '**yonobangela**' kunye nabafundi. Ngamanye amagama, izizathu ebengunobangela wokwenzeka kwento ethile. Umzekelo:
   a. Yayiyintoni unobangela wokuba inqanawe izike enzonzobileni yolwandle? (Izizathu ezilindelekileyo – kwakukho isaqhwithi esikhulu; inqanawe yayinomngxunya; inqanawe yangqubeka kwenye inqanawe.)
   b. Yayiyintoni unobangela wokuba ubutyebi bube senzonzobileni yolwandle? (Izizathu ezilindelekileyo – ubutyebi babukwinqanawe baze bawela elwandle ngexesha apho inqanawe izika.)
f. Cacisa ingqiqo '**yeziphumo**' kunye nabafundi. Ngamanye amagama, ukuba kukho into enye

eyenzekayo – zakuba yintoni iziphumo zoko. Umzekelo:
   a. Zaba yintoni iziphumo zokuba inqanawe ibe nomngxunya? (Amanzi angena ngaphakathi yazika kwiinzonzobila zolwandle.)
   b. Zaba yintoni iziphumo zokuwa kwenqanawe kwinzonzobila yolwandle? (Inqanawe yangqubeka kwawa ubutyebi.)

g. Khomba ukrebe phambili kwikona engasekunene kwipowusta, ubabuze abafundi:
   a. Yintoni unobangela wokuba intlanzi ibe semlonyeni kakrebe? (Ukrebe wayelambile efuna ukutya.)
   b. Yintoni unobangela wokuba ukrebe atye intlanzi? (Akukho okunye ukutya)

h. Cela abafundi ukuba basebenze ngokwephezi bagqibezele izivakalisi kwincwadi zabo zokubhala. (Bhala isikhokelo ebhodini.)
   a. Unobangela woku_________________kuku_________________________.
   b. Unobangela woku__________________ kuku___________________________.

i. Bakugqiba ukwenza oku, abafundi mabazobe ukubonisa ukuba kuzakulandela ntoni emveni koku. Oku kuveza izakhono zabo zokuqikelela okusebalini.

j. Abafundi banezifundo ezimbini ukugqiba lo msebenzi.

k. Qokelela zonke iincwadi zabafundi uzimake ulandele le rubriki ilandelayo.

**Ukumaka:**

a. Sebenzisa le rubriki ilandelayo ukuhlola umntwana ngamnye.
b. Bhala iziphumo zabo kwincwadi yokuhlola.
c. Okunye, bhala izinto ezixhalabisayo ngokuphulaphula nokuthetha komfundi ngamnye.

| Inqanaba lokuhlola | Usebenza ngokungekanelisi | | Usebenza ngokwanelisayo | | Usebenza ngokugqwesileyo | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| **Ukuqonda unobangela** | Umfundi akasigqibanga isivakalisi sikanobangela | 0 | Umfundi uzamile ukugqibezela isivakalisi sikanobangela, kodwa intsingiselo ibingacacanga. | 1 | Umfundi uzamile ukugqibezela isivakalisi sikanobangela, kwaye intsingiselo ibicace gca ikwayiyo. | 2-3 |
| **Ukuqonda isiphumo** | Umfundi akasigqibanga isivakalisi sesiphumo | 0 | Umfundi uzamile ukugqibezela isivakalisi sesiphumo, kodwa intsingiselo ibingacacanga. | 1 | Umfundi uzamile ukugqibezela isivakalisi sesiphumo, kwaye intsingiselo ibicace gca ikwayiyo. | 2-3 |
| **Ukuqikelela izakhono** | Umzobo wabafundi awubonakalisi ngqikelelo ngokuzakwenzeka kwityeli elilandelayo. | 1 | Umzobo wabafundi ubonakalisa ingqikelelo ngokuzakwenzeka kwityeli elilandelayo. | 2 | Umzobo wabafundi ubonakalisa ingqikelelo ngokuzakwenzeka kwityeli elilandelayo. | 3-4 |

**QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubo bonke abafundi eklasini yakho.** Esi sisifundo 1 kwezi 4.

| 1 | 2 | 3 | 4 |
|---|---|---|---|

**Morning Oral Work**

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

**Phonics**

Spelling test

Sound **ndy, ndyw**

20 min

| Spelling Test | Date: |
|---|---|
| 1. indyebo | 6. iindywala |
| 2. indyondyo | 7. indima |
| 3. inyhididi | 8. indawo |
| 4. iindaba | 9. induku |
| 5. indalo | 10. ndithanda |

**Dictation Sentence**

Iindywala azilunganga kodwa izandyondyo zemvula zisinika indyebo entle.

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **9**

15 min

**Writing**

DBE workbook

15 min

Incwadi Yokusebenzela Yoku-1 YeDBE
Amaphepha :
106 ezantsi, 107,110, 130 ezantsi.

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **10**

15 min

### Listening and Speaking

Rhyme, song or game

5 min

Assessment activity

10 min

**QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubo bonke abafundi eklasini yakho.** Esi sisifundo 2 kwezi 4.

| 1 | 2 | 3 | 4 |
|---|---|---|---|

### Shared Reading

Post read

15 min

DBE Workbook 1

Title: Ilizwe leembovane

Page 128

| COMPREHENSION: |
|---|
| **Questions** |
| Ingaba iimbovane ziyabelana ngokutya? |
| Yintoni oyibonayo xa ulandela umkhondo weembovane? |
| Kokuphi okona kutya kuthandwa ziimbovane? |
| Ingaba ubuyazi ukuba iimbovane zikrelekrele? Yintoni ebangela ukuba ucinge ukuba zikrelekrele? |
| Fakela iimpawu zokubhala:<br>ingaba iimbovane ziyazithanda iilekese ijem neswekile |
| **Answers** |
| Ewe ziyakwazi ukutya ndaweninye zidedelane. |
| Uzakubona ukutya nendlwana yazo. |
| Kukutya okuneswekile okunje ngejem. |
| Umfundi ngamnye uzakunika iimpendulo zakhe. |
| Ingaba iimbovane ziyazithanda iilekese, ijem neswekile? |

**Morning Oral Work**

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

**Phonics**
New sound
Spelling words
Sound **gcw**
15 min

Phonic Words

igcwele gcina gcuma gcoba gcada.

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**
Group **1**
15 min

**Handwriting**
Handwriting practice
Letter *gcw*
30 min

Handwriting Words

ukugcwala ukugcoba

Handwriting Pattern:



Handwriting Sentence:

*Ibhotile igcwele yiswekile.*

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**
Group **2**
15 min

**Shared Reading**
Pre-read
15 min

Look And Say Words

ukukhumbula owafundileyo olithande ihlengesi ongalithandanga

**Morning Oral Work**

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

**Phonics**

DBE workbook

Sound **gcw**

15 min

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **3**

15 min

**Writing**

30 min

**Iinjongo**
Abafundi bafanele ukwazi:
- Ukuba negalelo kwingxoxo yokukhetha isihloko abazakubhala ngaso
- Ukubhala izivakalisi ezilishumi ubuncinane ngesihloko abasikhethileyo

**Izixhobo Ezifunekayo:**
Itshokhwe nebhodi

**Ukuzilungiselela:**
1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bakwiidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kweedesika.

**Imiyalelo Ye-Orali**
1. Xelela abafundi ukuba namhlanje, bazakuthatha isigqibo ngeentlobo zemibhalo kwakunye nezihloko abanqwenela ukubhala ngazo kule veki.
2. XULUSHA iintlobo ezahlukeneyo zemibhalo abafundi abaza kubhala ngazo nabazaziyo (ezinje ngee: jenali, iintsomi, iindaba, njalo njalo.). Xoxa ngokukhawuleza ngohlobo ngalunye lwalemibhalo.
3. Yalela abafundi BACINGE NGOHLOBO lwemibhalo abanqwenela ukulubhala.
4. Yalela abafundi BAJIKE BATHETHE ze baxoxe ngeengcinga zabo nabahlobo baseklasini. Cacisa ukuba bazakufumana ithuba elingangemizuzu emihlanu lokuthabatha isigqibo.
5. Cela abafundi ngobuninzi babo bathethe NGOKUKHAWULEZA NGOHLOBO lwemibhalo abazakulubhala NESIHLOKO abazakubhala ngaso.

6. Cacisa ukuba abafundi bazakubhala namhlanje nangoLwesine izivakalisi ezilishumi UBUNCINANE ngesihloko abaxoxe ngaso.

**Okubhalwayo:**
1. Nika abafundi iincwadi zabo.
2. Yalela abafundi baqalise ukubhala.
3. Hamba hamba eklasini wenze UDLIWANO NDLEBE OLUNCINANE.
4. Cela abafundi baxele UHLOBO lwemibhalo abazakubhala lona NESIHLOKO abazakubhala ngaso.
5. Cela abafundi BAKUFUNDELE IMIBHALO yabo.
6. Buza abafundi ukuba lukhona na uncedo abalufunayo na.
7. Ngexa uhamba hamba, KHUTHAZA ABAFUNDI. Eyona nto ibalulekileyo xa kubhalwa kukwakha ukuzithemba kubafundi. Mabafumanise kulula ukubeka ipeni ephepheni.
8. Xa liphelile ixesha, qokelela iincwadi zabafundi. Cacisa ukuba abafundi bazakugqibezela imibhalo yabo ngoLwesine.

## Group Guided Reading
## Paired / Independent Reading

Group **4**

15 min

## Shared Reading

First read

15 min

DBE Workbook 1
Title: Siyafunda
Page 132

**Morning Oral Work**

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

**Phonics**

Spider words

Sound **ngcw**

15 min

Phonic Words

ngcwele eNgcwazi ingcwaba umngcwabo ubungcwalisa

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **5**

15 min

**Handwriting**

Handwriting practice

Letter ngcw

15 min

Handwriting Words

ukungcwaba ubungcwele

Handwriting Pattern:

xy xy xy

Handwriting Sentence:

Sifunda ngobungcwalisa kwincwadi yethu.

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **6**

15 min

**Morning Oral Work**

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

**Phonics**

Spelling sentences

Sound **ngcw**

15 min

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **7**

15 min

**Writing**

15 min

**Iinjongo**
Abafundi kufanele bazi:
- Ukufunda umsebenzi obhalwe ngumlingane.

**Izixhobo ezifunekayo:**
Amakhasi wamabali ANGEYONYANI enziwe ngabafundi.

**Ukuzilungiselela:**
1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bakwidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kwedesika.

**Imiyalelo Ye-Orali:**
1. Cacisa ukuba ABABHALI BAYAFUNDA ABAKUBHALILEYO.
2. Cacisa ukuba namhlanje, abafundi BAZUJIKA BATHETHE. (Ukuba abafundi bafuna ukukhunjuzwa ngokJIKA UTHETHE, khawulesiza usebenzise UMFUZISELO ukubakhmbuza ukuba kwenziwa kanjani.)
3. Chaza ukuba namhlanje, abafundi bazakwenza uhlaziyo lwencwadi yabo nogxa.
4. KHUPHA AMAPHEPHA ENCWADI unike abafundi abawenzileyo.
5. Xelela abafundi ukuba ngoku, bakufunda uhlaziyo lwencwadi zabo kumntu ohleli ecaleni kwakhe.
6. Cacisa ukuba abafundi kufuneka BAJIKE BATHETHE nomntu osecaleni kwabo.
7. Chaza ukuba abafundi kufuneka babuze ogxa babo imibuzo ngebali.
8. Ngelixa abafundi BEJIKA BETHETHA, hamba- hamba eklasini. Phulaphula kokuthethwa ngabafundi ze ubuze imibuzo.
9. Ekupheleni kwesifundo, qokelela amaphepha ahamba wod-

wa.

10. Yenza incwadi ngokuthi wenze imingxunya wandule ukuthunga ngesiqwentshu seribhoni kulomingxunya. Okanye usebenzisa ukufaka wonke la maphepha ahamba wodwa.
11. Beka incwadi apha eklasini kwindawo apho abafundi bazakufikelela lula.

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **8**

15 min

**Listening and Speaking**

Poster discussion

NGAPHANTSI KOLWANDLE

10 min

**Assessment activity**

20 min

Poster Discussion

1. Bhala uludwe lweentlobontlobo zentlanzi/ izilwanyana ozibonyo. (Ookrebe, intlanzi yejeli, intlanzi, unonkala, ihashe lolwandle, i-lobsta, ingwanei, ihlengesi, ufudo, i-reyi.)
2. Yeyiphi intlanzi/ izilwanyana ozithanda kakhulu? Ngoba? (Noba yeyiphi impendulo efanelekileyo.)
3. Jonga eli qokobhe lingaphambili, indawo ephakathi kwipowusta. Ungayibona into engaphakathi kwayo? Intoni? (Iphelzi.)
4. Jonga izityalo ezohlukeneyo ezimabalabala. Yeyiphi imibala oyibonayo? (Luhlaza, mzuba, qanda, ipinki kunye ne bomvu .)
5. Yintoni enye oyibonayo kubugoxo benqanawa? (ibhareli, umpu wakudala, isithsaba, njl.)

**QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubo bonke abafundi eklasini yakho.** Esi sisifundo 3 kwezi 4.

| 1 | 2 | 3 | 4 |
|---|---|---|---|

## Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

## Phonics

**Spelling test**

Sound **gcw, ngcw**

15 min

| Spelling Test | Date: |
|---|---|
| 1. igcwele | 6. ngcwele |
| 2. gcina | 7. eNgcwazi |
| 3. gcuma | 8. ingcwaba |
| 4. gcoba | 9. umngcwabo |
| 5. gcada | 10. ubungcwalisa |

**Dictation Sentence**

Imbiza kaGcobisa igcwele yinyama yegusha egcadiweyo ngamafutha agciniweyo.

## Group Guided Reading
## Paired / Independent Reading

Group **9**

15 min

## Writing

**DBE workbook**

15 min

Incwadi Yokusebenzela Yoku-1 YeDBE
Amaphepha :
114,118, 121 ezantsi, 122, 134.

## Group Guided Reading
## Paired / Independent Reading

Group **10**

15 min

## Listening and Speaking

**Rhyme / song / game**

5 min

**Assessment activity**

100 min

**QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubo bonke abafundi eklasini yakho.** Esi sisifundo 3 kwezi 4.

| | | | |
|---|---|---|---|
| 1 | 2 | 3 | 4 |

## Shared Reading

**Post read**

15 min

15 min

DBE Workbook 1

Title: Siyafunda

Page 132

| COMPREHENSION: |
|---|
| **Questions** |
| Leliphi ibali olithande kakhulu? |
| Yintoni oyithandileyo ngeli bali? |
| Leliphi ibali ongalithandanga? |
| Yintoni ongayithandanga kweli bali? |
| Ngubani umlinganiswa omthande kakhulu kumabali owafundileyo? Xhasa impendulo yakho. |
| **Answers** |
| Umfundi uzakuphendula ngendlela efanelekileyo. |
| Nayiphi na impendulo echanekileyo. |
| Umfundi uzakuphendula ngendlela efanelekileyo. |
| Nayiphi na impendulo echanekileyo. |
| Umfundi uzakuphendula ngendlela efanelekileyo. |

